


UKHOLO OLUGQIBELELYO

 Bawo wethu waseZulwini, leyo yinjongo yethu ngobubusuku. Sihlangene ndaweni nye ukuza kukholwa kuphela, nje ukukholwa iNkosi uYesu. Kukho abo apha, ngobubusuku, abagulayo naba bandezelekileyo, kwaye sinikezela inkonzo yethu—yethu—yethu ngobubusuku ekuphilisweni kwabagulayo nemizimba eyaphukileyo. Ngoku, njengoko umculi esandula ukucula lowa umnandi umhlabelelo, *Ngoko Weza UYesu*, wanga Ungazela thina embonisweni ngobubusuku, Nkosi, kwaye uphilise bonke abo babandezelekileyo, kwaye akusayi kubakho mntu utyhafileyo phakathi kwethu ngobubusuku. Siphe oko, Nkosi, kwaye usincede njengoko sijonge eLizwini ngoku ukuba sifumane ukhoho olwaneleyo lwale yure. Sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

² [UMzalwana uBranham uthetha nomntu othile eqongeni—Mhl.] Kukho iindondo apha, athe umntu othile wazilahla, kwaye zifunyenwe ebandleni. Ukuba nabani... ukuba zezakho, kulungile, zilapha eqongeni, eupulpitini.

³ Ngoku, ndiyazi ukuba abaninzi bayasebenza, kwaye kufanele bagoduke kwangethuba, kwaye ke andisayi kuthetha thuba lide; ndize emva koko ndibe nomgca wokuthandazela ndithandazele abagulayo. Oko kundinika ithuba loku—loku qhawulisa okunye okungxamisekileyo obekusengumbini nje, ndiqhawulise zona nje ngoku ngaphambi kokuba ndingene, kwaye ngale mvakwemini. Abanye babo, ngokuqinisekileyo, babi kakhulu, kakhulu kwaye bandlongondlongo. Kwaye benditsala iminxeba, nam, kwaye ndithandazela abagulayo. Ukubona isandla seNkosi yethu uYesu siphilisa abagulayo naba bandezelekileyo, nje okunjani ukumangalisa Akuko!

⁴ Ngoku, asivamisanga ukungena kwezinkonzo zempiliso, ngokuba ngokuqhelekileyo si... uMoya oyiNgewele uyakuza ngapha ukuba kukho imeko engxamisekileyo, kwaye ayicalule kanye ngokukhawuleza, aze ayichonge kwaye atsho into ethile malunga nayo. Emva koko zonke kuzo, kutheni, si... mhlawumbi asiyonto nje imbi kakhulu, ke siyegqitha nje ecaleni kuyo. Kwaye ndicinge, ekubeni ndilapha kabini namhlanje, kufanele ukuba sinikezela inkonzo ibenye ibe yeyokuthandazela abagulayo. Ndiyakholelwa ekuphilisweni abagulayo. Ndiyakholelwa ukuba ngumyalelo weBhayibhile. Asinakuyishumayela lonto, ngaphandleni... iVangeli egcweleyo, ngaphandleni kokubandakanya lonto.

⁵ Ngoku, kuyakwenzeka... andazi okwangoku, andikatsaleli ekhaya ngobubusuku okwangoku, kusengenzeka

ukuba kwiCawa ezayo ndiyakube ndilapha kwakhona. Kwaye ukuba ani—ukuba anivanga kuthi kule veki, ukuba uBilly akanazisanga (uyakwazi kamva kancinci apha evekini), ukuba aniyivanga, ngoko siyakuba lapha kwakhona kwiCawa elandelayo; 'kuba oko kuninika uSuku labaSebenzi, uyabona, ukuphumla, kwaye ke...okanye ukugoduka. Yabona? Kwaye ke siyakuzama, iNkosi ithandle. Ngoku, kulungile, ukuba anivanga...ndicinga uBilly unizisela ikhadi, okanye anixelele apha kwinkonzo ngenye indlela, ke ukuba akanibizanga, ngoko ndiyakubuyela kule—kule ilandelayo izayo iCawa. Ukuba, Mzalwana uNeville, kulunge konke, enye yezinkonzo? [UMzalwana uNeville uthetha kuMzalwana uBranham—Mhl.] Owu, ilungile.

⁶ Ukuba nabani ufuna ukwazi, lo Collins mncinci, apha. Kwaye ngexesha lamaTywina aSixhenxe, oogqirha bayixelela la nkwenkwe incinci, inomkhuhlane wamathambo, ukuba kufuneka ilale ngomqolo wayo kwaye isele ngombhobho; kwaku—kwaku yilonto. Kwaye uyise nonina bayizisa ekhaya baze bayihlalisa egumbini, bayithandazela. Kwaye iNkosi uYesu wayiphilisa ngokupheleleyo, yabuyela esikolweni; kwaye abasemagunyeni bababizela ngaphakathi malunga nayo. Ke babiza incutshe eyayilinde yona, kwaye zange ikholelwe...Zange ayikholelwe into enjalo enje ngaleyo, kwaye bayizisa inkwenkwe ezantsi ukuba ivavanywe, kwaye yayilunge ngokupheleleyo kwaye iphilile. Ngoko, uYesu weza, amandla omlingi ayephulwe ngoko!

⁷ Uyazi, into engaqhelekanga, bendizakucela umntu othile ukuba acule la ngoma ngobubusuku. Kwaye njengoko bendilungiselela egumbini phaya, nantso isiza, umntu othile eyicula ngokuphandle apha, *Ngoko Weza UYesu*. Ukuba okuya—okuya bekungaculwanga, bendizakucela umntu othile akucule ngaphambi kokuba ndi—ndithethe ngobubusuku. Ke, U—Usebenza zonke izinto ngokulungileyo.

⁸ Ngoku, abaninzi benu bayakuba belindile de kuse, abanohambo olude abazakuluhamba, kwaye ndi—ndiyawuncoma loo—loo mgudu. Abanye benu bakuqhuba begoduka ngobubusuku 'kuba kufanele niye emsebenzini ekukhanyeni kwemini, kusasa, kwaye ndi—ndiyazi ukuba kunzima. Kwaye xa ndicinga, kwaye ndikubona oko, . . .

⁹ Ndiyakufumana ukucaphuka nam, uyazi; ndiye ndingatyhileki. Ndifika kwindawo apho ndi... Okundifumanayo, kulapho ndifika koko kucaphuka xa ndixakeke kakhulu, kwaye uSathane uyeza andixelele, "Kutheni, akukho mntu ukhathalayo ngawe. Ngenene awunasihlobo ehlabathini, yabona." Kwaye ukuze . . .

¹⁰ Khumbulani, andinguye ongenakuhendwa. Yabona, kufanele ndikweyise oko. Ngoko xa ndijonga ngasemva

kwaye ndibone into ethile efana nale, ndiyibeka kanye ebusweni bakhe ndize ndithi, “Malunga nantoni nokuya?” Oko kuyandinceza nde—ndeyise. “Malunga nantoni nokuya?”

¹¹ Njengomhlobo othile wam, ohleli ngaphakathi—ngaphakathi emhlanganweni apha, kwakukho i—i—isiduko, hlobo lwaso i—isiduko esingakholelwayo kwimpiliso eNgcwele, seza kulo mfo mcinci kungekudala saza sathi kuye, “La nto abayishumayelayo phaya malunga nala mpiliso iNgcwele, akukho nto kuyo.”

¹² Kwaye le ndoda ihlala eKentucky, kanye kufutshane nomfazi omdala owa, xa sasise Acton Campgrounds, owayesifa ngumhlaza. Kwaye udade wabo weza emhlanganweni ngobo busuku kunye netshefu etyesini yakhe awayeyithabathile, kwaye uMoya oyiNgcwele wambiza umfazi emva phaya (kwaye zange ndibe kwela lizwe ngaphambili) kwaye wamxelela ukuba “unetshefu etyesini yakhe, awayenayo apho, ayithabathe ekhaya, kwaye udade wabo wayephezulu kwiqolo elithile apho, esifa ngumhlaza wesisu. Oogqirha bemncamile.” Kwaye ndathi, “Hamba ubeke itshefu phezu komfazi, ngokuba ITSHO INKOSI, ‘Uyakuphila.’” Kwaye yaba bubusuku, abamelwane phezulu phaya babecinga ukuba babene Salvation Army, xa uMzalwana uBen waya phaya, waza wabeka i... Kwaye—kwaye emva koko elaa nenekazi laliphilise ngokugqibeleleyo kakhulu lade lazenzela umsebenzi walo kunye nomsebenzi wabamelwane.

¹³ Ke lo mfo mncinci, ekwazi oko, wathi, “Ngoko cacisa imeko yakhe! Yayigqiba. Cacisa; uyazi ukuba ebenomhlaza. Ebe lapha eLouisville kwaye oogqirha benze utyando, kwaye ngokukhawuleza nje bajika, ‘Bamthunga, bambuyisela. Akukho nto inokwenziwa.’ Kwaye ngoku ulunge ngokugqibeleleyo, kulungile.” Wathi, “Cacisa lonto.” Yayigqiba. Yabona?

¹⁴ Uyazi, eBhayibhileni, yathi, “Kwaye babengenakutsho nto ichasileyo, ngokuba indoda yayime kanye apho phakathi kwabo, lowo mqondiso wawenziwe kuyo.” Kulapho si... Imbeka uSathane ehlazweni, ayenzi njalo? Indoda yayimi apho lowo umqondiso wawenziwe kuyo.

¹⁵ Ingaba uThixo uyabavusa abafuleyo? Naku kuhleli indoda, kanye apha, ivuswe ekufeni. UThixo uyabaphilisa na abagulayo? Owu bethu, izandla zingaya nje kuyo yonke indawo. UThixo uyabaphilisa abagulayo. Kwaye siyazi Ungu NDINGUYE omkhulu—omkhulu, hayi omkhulu “Ndandinguye” okanye “yakuba nguye”; NDINGUYE. Injalo lonto. NDINGUYE, lowo “usoloko ekho, naphina, lonke ixesha”; okwanguye izolo, namhlanje, naphakade.

¹⁶ Ngoku, ukukhawulezisa, masityhile ngoku kwesikelelekileyo iBhayibhile. Ndifuna ukufunda i—isicatshulwa esi—esiqhele nje “ukundijikelezisa” xa ndisifunda. Kwaye ndifuna ukuba nomgca wokuthandazela ngobubusuku, ndize ndithandazele wonke ubani ofuna ukuthandazelwa.

¹⁷ Kwaye ngoku sizakutyhila kuMarko, oNgcl. uMarko, isahluko se-11 kaMarko oNgcl. Kwaye sizakuqalisa ukufunda malunga nomqolo wama—wama-22 wesahluko se-11 kaMarko oNgcl. Kwaye abaninzi benu bayasazi esiSibhalo, Siqhelekile kakhulu. Ibe siSibhalo ebendicinga ngaso, Mzalwana uRussell, xa ezo. . . xa Wathetha nam kwaye watsho malunga nabo nomatse. Kwaye za. . . yayikwa seso Sibhalo kanye nje endandicinga ngaso. Ibisoloko iyinkohla. Wathi, “Ukuba ndithi”; hayi “Ukuba ndithi”. “Ukuba nithi!”

¹⁸ Ngoku, masifundeni.

. . . Uphendule uYesu wathi kubo, Yibani nokukholwa kuThixo.

Kuba inene ndithi kuni, Othe kule ntaba, Funquka, kwaye uphoseke elwandle; kwaye angathandabuzi entliziyweni yakhe, kodwa asuke akholwe ukuba ezo zinto azithethileyo ziyakwenzeka; wokuzuza oko athe wakuthetha.

Ngenxa yoko ndithi kuni, Neziphi izinto enisukuba nizingwenela, xa nithandaza, kholwani ukuba nizamkele, kwaye niyakuba nazo.

Naxa sukuba nimi nithandaza, xolelani, ukuba ninendawo ngakubani: ukuze noYihlo naye. . . ukuze noYihlo naye osezulwini anixolele iziphoso zenu.

Kodwa ukuba anixoleli nina, naye uYihlo osezulwini akasayi kunixolele iziphoso zenu.

¹⁹ Ngoku, ukholo luxhomekeke ekuxoleleni, ngoko. Ke ngoko, njengoko sitshilo ngale ntsasa, sizama ukufumana ibandla libe kwindawo apho sinokubona ngenene amaxesha obupostile eshukuma phakathi kwethu, yilonto sonke siyilambeleyo. Kwaye ilele nje esangweni. Siyayibona, kodwa sifuna ukubona okuninzi kwayo. Siyifuna iphokokele ngendlela apho iyakuba—iyakuba luncendo kuthi, ukuba siphokokele kwabanye.

²⁰ Khumbulani, uYesu (njengoko besinako kwisifundo ngale ntsasa), Akazange asebenzise amandla Akhe esenzela isiqu Sakhe, Wawasebenzisela abanye. Yilonto awayethunyelwe yona. Kwaye ucinga ngelinye ixesha, “Kwakutheni iNdoda eyayizele ngamandla kangako, njengaYe, yayinakho nje ukuba igule?” Ewe, mhlekazi. Ndifundile kwenye incwadi, ndaweni ithile, apho xa Wavusa la nkwenkwe, unyana womhlokokazi wase Nain (Ndiyakholwa, *INKOSANA YENDLU KA DAVIDE*), ukuba Wahhlala phezu kwelitye wagcuma yintloko ebuhlungu. Yabona? Wathwala ubuthakathaka bethu. *Ukuthwala* kuthetha “ukuzifumba zona.” Yabona, Wazithwala. Kwaye Wayenazo zonke izinto nga. . . njengoko sinazo. Wayenokugula, Wayenokulingwa, Wayenengxaki, Wayenokudideka nje ngoko sinako, ngokuba Wayefanele ukuba luhlobo olululo loMxolelanisi; ke kwafuneka Abe

ngumthathi nxaxheba, uMlimi wesiqhamo, ngaphambi kokuba Abe nokwazi. Umfazi emthonjeni nezinto ezininzi, yabona, ukuba sikhangelana kakuhle eSibhalweni.

²¹ Ndifuna ukutsho ukuba ndiyasikholelwa sonke iSibhalo, kwaye nesuntswana Laso ukuba linyanisile. Kukho abagxeki namhlanje abangasokuze bavuma ukuyikholelwa lonto. Umgxeki wakhe wathi “xa uYesu wathumela abo bafundi khona apho ela hashe lincinci lalibotshelelwe khona, apho indlela ezimbini zidibanayo, ukuba Wayesele elungiselele kwangaphambili apho elahashe lincinci lalibotshelelwe khona.” Yabona, abayiqondi lonto ukuba *uThixo* wayeseleyilungiselele.

²² UThixo wandixelela, ngenye imini, kunye noMzalwana uDauch apha, ukuba ndiyaku “xhawula isandla sakhe, esitratweni kwakhona.” Ayiqhelekanga kakhulu lonto, ndandingekho apha ngaloo ntsasa; kodwa kwimizuzu emibini ubude, okanye umzuzu ubude, bendingenakudibana naye esitratweni. Kodwa ndohlika emotweni nje kanye ngexesha ukuxhawula isandla sakhe xa wayengena, esitratweni. Wayengandazi; wayezikhulule iindondo zakhe, wayengenakundibona. Xa weva ilizwi lam, waqalisa ukulila. Yayiyintoni? Kumaxa amaninzi akaqhelanga ukuyenza lonto, kodwa yayiyi mpendulo koko wayekuxelelwe phezulu phaya phantsi kwentente ye oksijini; uyakuyenza.

²³ Ndathi, “Uyakuhlala ebandleni kwakhona”; umnqweno wentliziyo yakhe. Xa sasinomhlangano eChicago, wayefuna ukuza kula mhlangano, intliziyo yakhe yayilapho. Ndamthumela ucingo lwemibuliso yethu nabantwana, ndamxelela ukuba sasithandazela ukuba aphile, ngokukhawuleza. Kwaye umzalwana onothando, owamtyelelayo, watsho ukuthi u—ufuna nje ukuza kakubi. Kodwa nanku ehleli apha, ngobubusuku, kunye nathi. Yabona? Oko kwakungalungiselelwanga kwangaphambili. UThixo okwamnye uyilungiselele, Uyenza yonke into isebenze ngokugqibeleleyo exesheni.

²⁴ Umgxeki wakhe watsho ukuthi “Akumangalisi ukuba uYesu wayenokuthabatha iilofu ezintlanu adlise amawaka amahlanu,” wathi, “iilofu zazinkulu ngaloo mhla, kwaye Wasika nje ilofu nganye ukutyisa iwaka.”

²⁵ “Ndininika ukuba niqonde, inkwenkwana encinci yayinazo kwisidlo sayo sasemini!” Umntwana omncinci waphatha iilofu ezintlanu zezonka ezazinokondla amawaka amahlanu abantu, kwaye bahluthe. Ngoko malunga naphi neengobozi ezilishumi elinesibini ezigcweleyo ezaqokelelwayo emva koko? Yabona? Owu, nje bazi... abo nje ngabagxeki, kuko konke okukuko. Oko akuliguquli iLizwi likaThixo. Likwalinye nje, yabona, liyaqhubeka.

²⁶ Ngoku, sifuna ukuthetha ngoku phezu kokholo, kunye nohlobo olohlukileyo lokholo: Ukholo Olugqibeleleyo. Leyo yinto enkulu. Ngoku, ukholo, siyaxelelwa eBhayibhileni, “Ukholo luza ngokuva.” Ngoku, akunakusindiswa ngaphandleni kokholo. Kwaye ukholo yinto ethile okufanele uyikholelwe ukuba ikhona, ukuba ngenene akukho nto yimbi ingenye eyakubabaza ukuba ikhona koko lukholo. Ngoku ndizama ukuzisa ukholo kuni, ukuze nilungele lomgca wokuthandazelwa, kwimizuzu embalwa ezayo.

²⁷ Ngoku, ukholo: “Lowo uzayo kuThixo ufanele akholwe ukuba Ukho.” Kwaye akunako u—ukumkholisa uThixo ngaphandleni kokholo, akunakumkholisa Yena. Kwaye ukuba uthi uyamkholelwa uThixo... akuzange wambona Yena, yabona, ke ngoko kufanele uyikholelwe Yona ngokholo. Kwaye ukuba unakho ukubona Yena, ayisayi kuba saba lukholo. Yabona? Nantoni na ezithi izimvo ziyichaze, ayiselulo ukholo, iyinto yenzululwazi; yabona, ayiselulo ukholo. Kodwa kufanele wamkele Yena ngokholo. “Kwaye lowo uzayo kuThixo makamkholwe uThixo; kwaye ukholo luza ngokuva iLizwi likaThixo.” Yabona? Ufanele kuqala ukholwe *oku* ukuba liLizwi likaThixo, kwaye ufanele uze kuThixo ngeLizwi. Yabona? Thabatha nje iLizwi, eLikutshoyo, kwaye “Oko kulungile!” Yonke engenye echasene naLo, ayilunganga.

²⁸ U-Abraham kwafuneka akholelwe nje lonto ela Lizwi lamxelela kona. Kwaye xa wayenekhulu leminyaka ubudala, emva kwamashumi amabini anesihlanu, waye omolele ekuyikholelweni Yona kunokuba wayenjalo kwiminyaka emashumi amabini anesihlanu egqithileyo xa wayinikwayo Yona. Yabona? Wayikholelwa Yona. Kwaye “Zange athandabuze kwisithembiso sikaThixo ngokungakholwa, kodwa womelela, enika indumiso kuThixo, esazi ukuba Wayenakho ukwenza oko Akuthembisileyo.” Kwaye leyo yindlela, wonke ngamnye kufanele abe ngala ndlela. Kufanele uze nolungohlulekiyo ukholo, ukholelwa ukuba uThixo wenze isithembiso. Kodwa ngoku, kufanele ube kwindawo ukuze ube nalo olwakholo, kwaye koko esizakuthetha ngako; yabona, ukwamkela olwa kholo.

²⁹ KumaHebhere, iNcwadi yamaHebhere, isahluko se-11, siyaxelelwa ukuba.

...ukholo ngundoqo wezinto ezithenjwayo,...

³⁰ Ngoku, apha kulapho abantu abaninzi bohluleka khona ukwamkela impiliso yabo, okanye oko bakucelayo, ngokuba bathabatha ukholo lube yinto olungeyiyo. Yabona? Abayikholelwa. Li—liyi. . . li—aliyongcinga. Ngundoqo oluqobo.

³¹ Ngoku, phulaphulisisa! Yabona, asikuko okucingayo. Luyinene nje kuwe njengalo naluphina uluvo lomzimba wakho oluyakubabaza nayiphi na engenye. Luyinene nje njengamehlo

am atshoyo, “Eli liphetshana.” Luyinene nje njengokutsho ukuthi “okuya kukukhanya.” Luyinene nje njengokuthi, “ndiyayiva idyasi yam.” Luyinene nje njengoko—jengoko ndisiva olwa sana luthetha phaya, okanye lusenza ingxolo yalo. Yabona, nje okuya kuyinene, njengomculo udlala. Luyinene njengokungcamla nantoni na emlonyeni wam. Luyiyo inene, kuphela akunakulibonisa komnye umntu othile ongomnye. Unalo wedwa. Amen! Lolwakho. Ukholo *ngundoqo*; yabona, hayi nje intsomi. Ke, abantu abaninzi bayeza. . .

³² Ngoku, ezi zizifundo ezinzulu ngenene, kwaye ndiyakubamba nje intloko yaso, emva koko wombe ezantsi kuso. Yabona?

³³ Qaphela, yinto ethile onayo; hayi ingcingane, ukuba unayo ngenene. Luyinene nje kuwe njengayo nayiphina enye into onayo ngenene. Luyinene njengo—njengokuba usazi ukuba—ukuba ukhwele imoto. Luyinene nje njengoko usazi ukuba uhleli ebandleni. Luyinene nje njengoko nisiva ilizwi lam. Ngundoqo, hayi ingcingane, hayi imvakalelo; kodwa into ethile onayo, kwaye iza kuwe ngokuva iLizwi likaThixo, kwaye Lona lodwa. “Ukholo luza ngokuva, kwaye ukuva iLizwi likaThixo.” Oko kulubeka apho lukhoyo ukhoho lwakho, ngoko, alukho kumntu othile. Alukho sendodeni. Alukho embuthweni. Alukho kwiqela labantu. LukuThixo, ngokuba uThixo liLizwi. Yabona? Ukholo lwakho lukuThixo.

Ukholo luza ngokuva iLizwi likaThixo.

³⁴ Ngoko xa uThixo, ngeLizwi Lakhe, . . . hayi ngoko umntu othile ongomnye akwenzileyo, umntu othile ongomnye wathi, kodwa oko lakutshoyo iLizwi likaThixo. Wathi, “Malithi lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, kwaye Elam libe yinyaniso.”

³⁵ Ngoku, ubona umntu othile esenza into ethile ngomsebenzi okanye ngesenzo sikaThixo, okanye isithembiso sikaThixo; kwaye abaninzi babo bathi, “Ndingayenza lonto, nam.” Yingcingane. Kwaye xa beyenza, ubafumana betyobokele phandle phaya ndaweni ithile. Ifanele ukuba ngundoqo. Ngoku, oko kokusondeleyo elukholweni. Leyo yinto ethile eyakusondeza elukholweni. Isondele, njengokuba ubunokundicela umthi wom oki, ndize ndikunike imbewu yom oki. Ngokusondeleyo unawo umthi wom oki, kodwa awukazivelisi okwangoku; kodwa xa ngenene izivelisa, ingumthi wom oki. Kwaye xa ucinga ukuba uThixo wenza oku, . . . Kodwa xa ityhilwa kuwe, lukhoho ngoko, uKholo oluGqibeleleyo olungenakohluleka.

³⁶ Eso sisizathu loo mibono imikhulu kakhulu—kakhulu kum, ngokuba ingqiniwe “ilungile” lonke ixesha. Yabona? Kwaye ndiyakwazi ukuba Uyithembisile lonto. Kwaye Uyithembisile eLizwini Lakhe, kwaye naku Esiza aze ayithembise ngalo mhla. Ngenxa yoko, uyazi apho ume khona, xa Watsho njalo.

Yabona, oko kundinika ukhoho, ngokuba Akazange enze nanto echaseneyo kwiLizwi Lakhe elibhaliweyo. Yabona? Kwaye ukuba yayichasene kwiLizwi, bendingasokuze ndibe nalukhoho kuyo. Iyibuyisela kanye kwakhona eLizwini, yabona, ukhoho ekuveni iLizwi likaThixo. Kufanele uve iLizwi! ILizwi likaThixo lilo eliliLizwi elikuko konke ukwanela. Kuko konke okudingayo, leli Lizwi.

³⁷ Ngoku, ukhoho ekubeni lungu ndoqo, kwaye phaya sifumana (kumaHebhere) okwakulilo ukhoho, noko abo bakwenzayo ababe nokhoho. Yabona, kukho amaxesha amaninzi apho abantu benokhoho namhlanje, kuze ngengomso bangabi nalo; kusuku olulandelayo kukho *into ethile*, kunye *nento ethile* engenye. Kodwa xa uThixo walimilisela, kwaye ulubone, akukho nanto engaze ikwenze umke kulo. Uyatyhala nje, ufikelele, uqikelele. Kwaye *ukuqikelela* “kukulinga ngaphandle kwesigunyaziso”; uyazama nje *oku*, kwaye uyazama *oku*, kwaye uye *ngale* ndlela, uze ubaleke *apha*, kwaye ubaleke phaya. Awukabi nalo uKholo okwangoku! Kodwa xa . . . oko koko sikubiza “uKholo.”

³⁸ Ndi—ndi—ndi . . . Uxolo. Ndifuna nina ni . . . Enkosi, mzalwana.

³⁹ Ndi—ndifuna nina nikufumana oku ngoku. Thina . . . iBandla kufuneka liziphakamise Ngokwalo emandleni kaThixo. Njani? Sikufuphi kakhulu esiphelweni, ngoku; kwaye ndiyakholwa iBandla likwimeko apho singalifundisa Lona izinto ezinzulu kancinci, size sikhuhle okunye koku kuzenza-makholwa kuphume, yabona, size singene kwinto yenene. Yabona? Ifanele ibe yinto ethile oyaziyo!

Kwaye ukuba uthi, “Mzalwana uBranham, oko asiko kukhanya.”

“Noko ndiyazi kuku khanya.”

“Wazi njani ukuba kuku khanya?”

“Ndijonge kuko.”

“Kulungile, wazi njani ukuba awunakuba ngophosisileyo?”

“Ukubona kwam kwasoloko kwadandalazisa kum ukuba okuya yabe ikuku khanya.” Yabona?

⁴⁰ Kwaye eso sisizathu ndiyikholelwayo loo mibono, 'kuba yasoloko idandalazisa ukuba iyinyaniso, 'kuba iphuma eLizwini. Yabona? Ngoko ukuba Uyayitsho, igqityiwe. Ngoku, xa idandalaziswe ngokwala hlobo, akusekho kuqikelela kumbi, ifanele ibe yiyo. Ngoko uyayiva “ITSHO INKOSI,” yabona, ngokuba i—ingaphaya kokucinga komntu. Iphezulu kwilizwe lengcinga zeNkosi. Kodwa ume apha, nje ngoko Mdiliya . . . njengesebe livelisa isiqhamo elikuMdiliya. Yabona? UThixo usebenzisa umntu, kwaye umntu kuphela. UThixo

akasebenzisi oomatshini. UThixo akasebenzisi amaqela abantu. UThixo akasebenzisi imibutho. UThixo usebenzisa abantu ngabanye, soloko!

41 Ngoku, ukhoho ngundoqo, kwaye ngalo, siyaqonda, zonke ezo zinto zenziwe. Asiy—asiyongcingane, ngundoqo; ingakumbi uKholo oluGqibeleleyo. Yilonto ndithetha ngayo ngobubusuku, ndingena kuKholo oluGqibeleleyo. Asiyongcingane.

42 Ngoku, abanye, baba nabantu abazayo bathi, “Owu, ndifumene lonke ukhoho; owu, ndiqinisekile ndinalo.” Kulungile, umele ntoni apha, ngoko? Yabona? Yabona? Yabona, kwa izenzo zakho—zakho ziyangqina ukuba akunayo lento uthetha ngayo. Yabona? Ukuba ubunalo ukhoho, ngoko umele ntoni kumgca wokuthandazelwa? Yabona? Uzenzela ntoni ezi zinto?

43 Yabona, ukuba ubunoKholo oluGqibeleleyo, ubunokujonga kanye ngqo kuThixo uze uyikholelwe, kwaye uhambe umke. Ubuya—ubuya kungabi nasidingo sokuza kumgca wokuthandazelwa. Ubungayi kuba nasidingo sezi zinto, ngokuba ukhoho lwakho luyenzile ngolohlobo. Yabona? Ibiyakuba yintoni imfuneko yam yokuba ndithi, “Ndifanele ndinxibe ihempe?” Ndiyinxibile ihempe!

44 “Wazi njani ukuba unxibe ihempe?”

45 “Kulungile, ndiyayibona, ndiyayiva, kwaye ndiyazi iphaya.” Kulungile, oko nje yindlela ekuyinene ngako xa uKholo oluGqibeleleyo lungena. Aku—akudingi nto yimbi. Sele yenziwe; uyayazi.

46 “Uyazi njani?”

47 “Ukhoho lundixelela njalo!” Injalo lonto. Yabona? Niyayifumana ngoku, endibhekiselele kuko? OlwaKholo luGqibeleleyo.

48 Ngoku, ngamanye amazwi, ndiyalinga, “Kulungile, ndiyakuhamba. IBhayibhile ithe, ‘Biza amadoda amakhulu, mawakuthambise nge oli, athandaze phezu kwayo.’ Ndiyazi, ndiyakuphakama.” Kwaye uthi, “Kulungile, ndizakuphila.” Yabona, uyazenza ngokwakho; akuqwalaseli ngoku, uzakuzidinisa nje—nje. Ngoko xa egqitha, uthi, “Owu, a—andikaboni nangoku.” Yabona, nako apho ubukhoyo, ubungenalo ukhoho!

49 Ukhoho lwakho lwenene luyakuyenza kanye apho. Ukhoho lwakho—lwakho lwenene luyakuyenza ibe ngenene kuwe ukuba...Jonga kumfazi omncinci enethombe legazi, wathi, “Ukuba nje ndingachukumisa umqokumbelo wengubo Yakhe, ndiyakuphiliswa.” Kwaye kwamsinya njengoko wayenzayo, wathi “weva ngaphakathi kwakhe ukuba ithombe legazi lakhe linqamkile.” Wayikholelwa ngenene.

50 Kwaye xa wayichukumisayo Yona...ukubonisa ukuba lanqamka—lanqamka, uYesu wajika wathi, “Ngubani

ondichukumisileyo Mna?" Olwa Kholo luGqibeleleyo! Kwaye olwa Kholo lunye luGqibeleleyo ngobubusuku, luyakuchukumisa uYesu Kristu njengoko lenzayo ngoko. Umfazi weza noKholo oluGqibeleleyo ngela xesha.

⁵¹ Ngoku, ngoku siyabona, ekuqalekeni abafundi babengenalo olu Kholo oluGqibeleleyo. Babengenalo, ngokuba babenoKristu, behamba Naye; kodwa ngoko emva koko, uKristu wayekubo. Kwaye ke, uyabona, kunzima ngoko ukuba noluKholo luGqibeleleyo ngaphandle koMoya oyiNgcwele; Ifanele iluzise, Iyakwenza. Ngoku, uthi, "Abafundi babengenalo uKholo oluGqibeleleyo?" Hayi; ngokuba babenomntwana onesathuthwane apho, ababezama ukukhupha eli demoni liphume kuye, kwaye babengenakho ukuyenza lonto.

⁵² Kwaye uyise wambona uYesu esiza, waze wathi, "Sizise unyana wam ku—kubafundi Bakho, kwaye ababanga nakho ukumphilisa." Yabona?

⁵³ Kwaye emva koko, abafundi bambuza uYesu, besithi, "Kutheni singabanga nakho ukumphilisa?"

⁵⁴ Kwaye uYesu wathi, "Ngenxa, yokusilela kokholo, ngokungakholwa kwenu." Injalo lonto. "Ngenxa yokungakholwa ku..."

⁵⁵ Ngoku khumbulani, babenawo amandla. UYesu wayebanikile bona amandla wokuphilisa abagulayo, wokuvusa abafuleyo, nokukhupha iidemoni, nje kwintsuku ezimbalwa ukusuka phambi koko. Babenamandla, kodwa hayi ukholo lokusebenzisa amandla. Ngoku, nanko uMnquba kaBranham! Nalo iBandla, uMtshakazi, namhlanje! UMoya oyiNgcwele ulapha namandla, kodwa wena, akunalo olwa kholo lokuwashukumisa. Yabona endibhekiselele kuko? Ithabatha ukholo ukuwashukumisa.

⁵⁶ Apha: ndinekhohlombe endilingxalileyo. Ndiyazi ukuba liyakwenza ntoni kuvavanyo lompu, njengeLizwi, kodwa kufanele ndiwudubule umpu. Umlilo kufanele ufike kwirhuluwa. Irhuluwa inamandla, kodwa kufanele ibe nomlilo ukuze iyitshise. Kwaye kwa into enye, irhuluwa ekhohlombeni, kodwa idinga ukholo ukuyenza isebenze nokuyikhuphela ngaphandle. Yilonto yenzekayo, yabona, uKholo oluGqibeleleyo lokuqhwitha amandla kaMoya oyiNgcwele esinawo ngoku, ekusukeleni Ekufikeni kwakhe phezu kwethu; ukholo lokuqhwitha, ukubona izinto ezinkulu, kuku... ukholo, into ethile eyizisayo kuwe.

⁵⁷ Ngentliziyo izele luvuyo, uya kwigumbi labagulayo, usazi ngokuchanekileyo oya kukutsho. Ungene apho kwaye usazi okuya kwenzeka, into ethile sele ityhiliwe, kwaye uyayazi. Kwaye uyahamba ungene, "EGameni likaYesu Kristu, phakama apho. ITSHO INKOSI!" Nako ke apho ukhoyo; olo luKholo oluGqibeleleyo. Ukuba kungakho amashumi ezigidi

zabantu beme apho besithi ayinakwenzeka, uyazi izakwenzeka nakanjani, 'kuba uyayazi. Izakwenzeka. Akukhathaliseki nokuba ubani ongomnye uthini, unguno unokholo.

⁵⁸ Ungafane ucinge, uYoshuwa, wayenokubiza amadoda amakhulu akwaSirayeli ndawonye aze athi, “Uh, bazalwana, singabakhonzi beNkosi, ndingathanda ukuba nithi i... buzani iNkosi ukuba kuyakuba kulungile ukuba—ukuba Ingasinika ilangana elincinci ngakumbi, yabona, kwaye alibambe ilanga ithutyana?”

⁵⁹ Hayi; wayenesidingo sayo (kwaye ngaphandle komthandazo, ngaphandle kwento yonke), wayenesidingo sayo, kwaye wayalela nje ilanga! Wathi, “Yima apho! Ndinesidingo, kwaye ndisemsebenzini weNkosi, kwaye Indithumelele apha ukuzokwenza lo msebenzi, kwaye ndenza okungcono endikwaziyo kwenziwa kanjani, kwaye utshaba lulu luhlu, kwaye luphandle apha; ukuba ndiyaliyeka ilanga litshone, luyakuhlangukisa kwaye lundibangele ingxaki eninzi. Ke, yima ngxi! Kwaye, nyanga, yima apho!” Amen; yema apho amashumi amabini anesine eeyure.

⁶⁰ Ngoku, ukuba ihlabathi liyajikeleza kwaye walibamba lama, kwaye ilanga lahlala endaweni kwaye alibaleki, kwenzeka ntoni ngoko? Ngoku, uzenze ongakholwayo, ukuba uthi *ngoku*; kwaye ngoko ukuba akwenzi, ngenene ubhanxa ngobunzululwazi, 'kuba bathi ukuba ihlabathi liyema, liyawa. Ke ngoku yintoni? Kwaye ukuba uthi iLizwi likaThixo alilunganga, ngoko ungongakholwayo. Yabona? Kodwa yenzeka, yeyona nto. Andibazi ubuxhakaxhaka bayo, kodwa yenzeka!

⁶¹ Andibazi ubuxhakaxhaka bukaMoya oyiNgewele, kodwa ndiyazi Wandiwela. A—andinakubuchaza ubuxhakaxhaka baWo, kodwa ndiyazazi iintsikelelo Zawo. Kuko—kuko konke e—endikukhathaleleyo ukuba ndikwazi, ziintsikelelo zikaMoya oyiNgcwele. Kwaye ubuxhakaxhaka, Uyabusebenza. Yimfihlo Yakhe leyo.

⁶² Le nkwenkwe yayingenakuphiliswa, ngokuba... Abafundi babenamandla; uYesu wabanika amandla wokuphilisa lonke uhlobo lwezigulo, ukukhupha iidemoni, ukuhlambulula abaneqhenqe, nokuvusa abafuleyo. Wabanika amandla, kodwa babengenalo ukholo lokwenza amandla ababenawo asebenze. Kwaye ngoko bambuza uYesu bathi, “Kulungile, ngoku, kutheni singabanganakho ukuyenza?”

⁶³ Ngoku, khumbulani, babenalo iLizwi; kwaye iLizwi laliyiNyama ngoko. Kwaye iLizwi labaxelela, “Ndinika *nina* amandla.” Amen! “Ndinika *nina* amandla.” Kwaye babenamandla, kodwa babengenalo ukholo lokwenza iLizwi elalikhubo lisebenze. Yabona endibhekiselele kuko? Kodwa

uYesu wayenalo, WayeliLizwi, kwaye Enokholo lokuba oko Akutshiloyo kuyakwenzeka. Wathi, “Owu, mziseni apha. Kode kube nini ndininyamezele?”

⁶⁴ Wayenokholo, kunye namandla Akhe. Wayenza njani? Wathi, “Andinakwenza nto Ngokwam.” Kutheni? Waxhomekeka phezu koko Wayekuko; Waxhomekeka ekwazini ukuba Waye eliLizwi. Kwaye Wayenokholo kuThixo, Owamenza Yena iLizwi. Waye enguThixo (iLizwi), kwaye ayeKuye, kwaye ayemnika Yena ukholo ngokuba Wayeyiqonda indawo Yakhe. Wayesazi ukuba Wayeyintoni, ngokuba iSibhalo sasitshilo ukuba Waye *koku*. Kwaye apha iSibhalo sonke siqhagamshelwe, ukubonakalisa ukuba Wayekoko ngokuchanekileyo iSibhalo sathi Uyakuba kuko, kwaye Wayesazi oko Wayekuko.

⁶⁵ Ngenxa yoko, Wayexhomekeke phezu koko athe uThixo wamenza Kona. Kwaye ukuba Wakwenza oko, ngoko asinakho na ukuxhomekeka koko athe uThixo wasenza yona thina njengamakholwa? “Le miqondiso iyakulandelana nabo bakholwayo!” Wayenokholo koko Wayekuko. Kwaye ukuba ulikholwa, unokholo koko ukuko: ulikholwa! Kwaye ukuba unokholo kuThixo, iBhayibhile ithi ngapha ku... “Ukuba iintliziyo zethu—ukuba ziyasigweba, ngoko asinakuba nalo ukholo; kodwa ukuba iintliziyo zethu azisigwebi, ngoko sinalo ukholo, sinengqiniseko kuThixo.” Ukuba ufuna ukukufunda oko, kufumaneka kuYohane oNgcwele 3:21. Ndinaso iSibhalo sibhaliwe ezantsi phaya.

⁶⁶ Ngoku qaphela, uYohane oNgcwele... Ndithetha uYohane wokuQala 3:21. Qaphela.

...ukuba iintliziyo zethu azisigwebi, ngoko sinengqiniseko kuThixo.

⁶⁷ Kodwa okoko nje usenza ezi zinto ezingalunganga, akunakuba nangqiniseko kuThixo. Ke, uyabona, akunakho... uyakwazi nje ngokuzenzekela ukuba awulungisanga. Ngokuzenzekela uyakuzibeka emva phaya ungumoni, ngokwazi ukuba akulungisanga. Kodwa xa intliziyo yakho ingakugwebi, kwaye usazi ulikholwa, kwaye kungekho nto phakathi kwakho noThixo, ungacela oko ukuthandayo kwaye wazi ukuba iyakunikezelwa, ngokuba liLizwi elinikwe wena njengoko kwakunjalo kwabo bafundi.

⁶⁸ Ngoku, kuphela kwento ofanele kukuyenza ngoko, kukuba nokholo koko ukuko. Yiba nokholo koko iLizwi lithi ukuko! Kwaye uYesu waba nokholo kwiLizwi likaThixo, elitshoyo oko Wayekuko, “Kubhaliwe Ngam.” Akatshongo na uDavide, kwiiNdumiso; kunye nabaprofeti, kunye nabo bonke bathethile Ngaye? “Ndisi Sonka soBomi esivela kuThixo siphuma eZulwini.” Amen! “Ndingula Mthi woBomi wase myezweni i-Eden. Ndizizo zonke ezo zinto, NDIINGUYE

ENDINGUYE.” Kwaye Wayesazi ngolwaKholo luGqibeleleyo, ukuba Waye engothanjisiweyo uMesiya, ukuba uMoya kaThixo wawuphezu Kwakhe. Wathi, “Ngoku, Ndi, Kum, andenzi nto; kodwa lukholo Lwam kuThixo.” Kwaye uThixo waye Kuye, iLizwi libonakalisiwe. Kwaye xa iLizwi likaThixo lisiza kuwe, Lenziwe labonakaliswa, ngokuba wena ulikholwa. Yabona? Kwaye ikholwa li “lukholo lukaThixo lushukuma kuwe.”

⁶⁹ Uyayithanda lonto? Ndi—ndi—ndiyayithanda xa u... Ndiyayithanda imfundiso apho i... yenziwa njani... luyintoni kanye ukholo.

⁷⁰ Ekwazini Oko Wayekuko, ngaphandle kwentadabuzo, Wayesazi Wayengu Nyana kaThixo. Wayeyazi lonto, ngokuba iLizwi layazisa. ILizwi likaThixo lazisa ukuba Yayingubani Yena. Wathi, “Ukuba Andiyenzi imisebenzi kaBawo Wam, ngoko sanukundikholelwa Mna; kodwa ukuba—ukuba Andiyenzi yona imisebenzi, sanukundikholelwa Mna. Kodwa ukuba Ndiyayenza, ngoko kholelwani imisebenzi, ngokuba ikukubonakaliswa kweLizwi elithenjisiweyo.” Owu, ukuba nje unokuvuka koko, umzuzu! Uyabona, iLizwi Ngokwalo libonisa Yena, YayiNgubani. Kwaye Wathi, “Ngubani ongandigwebayo Mna ngesono?” Ngamanye amazwi, “Ngubani ongandibonisayo Mna ukuba ubomi Bam kunye nemisebenzi Yam ayizalisekisi ngokuchanekileyo oko uMesiya afanele kukukwenza?” Akukho namnye unokutsho nanto; ngokuba Wayenjalo. Ngoko Wayenokholo lokukholwa, ngoko; nayiphina Ayitshiloyo, iyakwenzeka.

⁷¹ Ngoko Wajika waze wathi, “Imisebenzi Endiyenzayo, niyakuyenza nani ngokunjalo. Ixeshana elincinci, ihlabathi alisayi kundibona; kodwa nina niyakundibona, ngokuba Ndiyakuba nani, ndibe nakuni. Sanukucinga eniyakukutsho, ngokuba ayinini enithethayo, nguYihlo ohleli ngaphakathi kuni; NguLowo Uthethayo. Kwaye Asindim, nguBawo Ohleli kuM, Owenza imisebenzi.” Yabona endibhekiselele kuko?

⁷² Ngoku, ukubonakaliswa komKristu wesibhalo la Mazwi watsho uYesu: “Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo.” Ngoku, ungazibiza kanjani ukuba ulikholwa, abantu, kwaye uphike loo Mazwi? Ungazibiza njani ikholwa kwaye uphike naliphi leli Lizwi? Yabona? Akunakuyenza. Akulokholwa, ngenxa yoko imiqondiso ayinakulandela, ngokuba wamkela nje oko ufuna ukukholwa uze uyeke enye yaYo... akusokuze—akuyikholwa Yona. Kodwa kufanele uthabathe yonke into, kwaye uyikholwe Yona. Kwaye xa ukholwa ngenyani (hayi ukuzenza okholwayo, kodwa ukholwe ngenene), ngoko le miqondiso ilandela abo bakholwayo.

⁷³ Owu, ungathelekisa umKristu namhlanje kunye namaKristu amandulo? Babehamba njani abafundi kumandla kaMoya, beqhutywa nguMoya oyiNgcwele, eyenza. Nje

ibanjwa, njengoko ndishumayeke ngobunye ubusuku, umbanjwa eLizwini kunye nentando kaThixo; wayengenakho nokushukuma ade uThixo amshukumise. Awugethandi ukubona iBandla livuka nje ngokuya? Liyakuyenza; libuyele emva. Li—lifanele lize. Injalo lonto. Liha- . . . Lisendleleni yalo ngoku, ndiyakholwa.

⁷⁴ Ngokuba iLizwi lamazisa, lamazisa Yena, into Awayeyiyo; kwaye kwa iLizwi elinye lazisa thina. Yabona? “Ukuba umntu uyandithanda Mna, uyayigcina imithetho Yam. Kwaye ukuba uthi uyandithanda Mna, aze angayigcini imithetho Yam (ukuthi yonke yayo), ulixoki, kwaye iNyani ayikho kwa ukubakho kuye.”

⁷⁵ Uthi, “Kulungile, andiyikholelwa yonke. . .” Kulungile ngoko, ukuba. . . ungo ngakholwayo nje, koko kuphela. Ukuba iBhayibhile itsho njalo, lonto iyenza ilunge, lonto iyigqibile Naphakade. Oko iBhayibhile ikutshiloyo, kuyiNyani.

⁷⁶ Qaphela apho Atshiloyo kuthi, “Ukuba nithi nihlale kuM, kwaye neLizwi Lam kuni.” UYohane oNgcwele 15, “Ukuba nithi nihlale kuM, . . .” Yabona, yibani nokholo kuYe. “Nihlale kuM, kwaye iLizwi Lam lihlale kuni, ngoko ningacela oko nikufunayo.”

⁷⁷ Ngoku, yabona, Wayesazi ukuba Wayengubani, ngenxa yoko Wayenokholo. Ukhohlo lwalunokuvelisa xa Wayeyazi into Awayeyiyo. Ngoku, “Ukuba nithi nihlale kuM, kwaye naMazwi Am ahlale kuni,” ngoko niyazi ukuba ningobani. “Celani oko nikufunayo, kuyakunikezelwa kuni.”

⁷⁸ Ayisayi kumangalisa lonto, ngobubusuku, ukuba wonke ubani uza kula mgca wokuthandazelwa, athi, “Ndingum Kristu. Andinaso isigwebo. Ndi—ndiyazi ukuba intliziyo yam ayindigwebi. Into ethile indixelela ukuba ngobubusuku kukuphela kokubandezeleka kwam”? Oko, uyakukwenza. Uyakumka apha unento ethile. Akukhathaliseki nokuba uze ukwimvakalelo ezingakanani, wenza kangakanani, ayisokuze isebenze lude olwaKholo luGqibeleleyo lubonakale kwaye luzibonakalise kuwe, njengo ndoqo. Kwaye xa luphaya, ngoko akukho nto iyakukushukumisa kulo.

⁷⁹ Ukuba—ukuba unomhlaza, kwaye ugqirha ukuxelele izolo ukuba uyakube ufile ngaphambi koMvulo kusasa, (yonke intliziyo yakho, ukuphefumla kwakho kuphelile, umhlaza ukutyile, umjelo wakho wegazi uba ngumhlaza ngokupheleleyo, nokuba yintoni); kwaye Into ethile iza kunye nalo ndoqo wolukholo lwenene, uKholo oluGqibeleleyo lwenziwa undoqo kuwe, uyakuhleka ebusweni baloo gqirha.

⁸⁰ Uyakuba njengo Eliya omdala, xa wehla enyuka phambi kwesithixo, kwaye wathi, “Aninakukhwaza kakhulwana? Kwaye mhlawumbi usaphumile.” Wayesazi

oko wayezakukwenza, ngokuba uThixo wayemxelele oko kwakuza kwenzeka. Wathi, “Makathi uthixo ophenduleyo ngomlilo, abe nguThixo.”

⁸¹ Bathi, “Siyakuthabatha esosiphakamiso.” Kwaye bagalela amanzi phezu kwesibingelelo. Kwaye ba—bазisika, kwaye benza yonke into, baza babiza, “Owu Bhahali! Owu Bhahali! Phendula!”

⁸² U-Eliya wayephole nje kangangoko wayenakho. Wathi, “Bizani kakhulwana,” wathi—wathi, “mhlawumbi usaphumile. Mhlawumbi—mhlawumbi usekuhambo lokuloba. Mhlawumbi wenza enye into ethile, uyabona. Ungaphandle ndaweni ithile.” Baye nje... Wenza nje intlekisa ngabo, ngokuba wayesazi izakwenzeka.

⁸³ Owu, qwalasela xa wenza yonke into ibe kucwangco. Waphuma apho waze wathi, “Nkosi Thixo ka Abraham, ka Isake, kunye noSirayeli!” Akazange ambize ngoku igama lakhe *Yakobi*, “umaqhingana.” Wambiza *Sirayeli*, “inkosana kunye noThixo.”

⁸⁴ “Nkosi Thixo ka Abraham, ka Isake, kunye naleya Nkosana (Yakobi), makwazeke namhla ukuba ndingumkhonzi Wakho; kwaye ndikwenzile oku, hayi kumnqweno wam, hayi ekwenzeni kwam, kodwa emyalelweni Wakho ndiyenzile lento; intando Yakho, Undixelele emandikwenze. Undibonisile ezi zinto ukuba ziyakuba lapha. Ngoku, ndiwagalele amanzi phezu kwesibingelelo. Ndizenzile zonke ezi zinto ngokomyalelo Wakho. Ngoku, makwazeke!” Kwaye xa wakatshoyo oko, umlilo wehla emazulwini. Wayeqinisekile nje ukuba uzakuhla, ngokuba wayenaye undoqo. Kutheni? ILizwi litshilo njalo.

⁸⁵ Ngoku, le Bhayibhile inye iliLizwi elinye likaThixo. Kwaye xa unokwamkela undoqo (olu luKholo oluGqibeleleyo); undoqo wokuba esisithembiso athe uThixo wasenza sisesakho.

⁸⁶ “Uziva njani, Mzalwana uBranham, xa ume phaya uze ubone abantu besiza ngeelwimi ezahlukeneyo kunye nezinto? Ingaba uyoyika?” Hayi, mhlekazi. Hayi, mhlekazi. Watsho njalo! Ungakhe woyike okwangoku, kuba Wandixelela njalo, kwaye ndiyakholelwa ukuba iyiNyani.

⁸⁷ Ukuba Undixelele ngobubusuku, ukuba ndiye kumadlaka oorhulumente ndize ndivuse uGeorge Washington ngomso kusasa, ndiyakumema ihlabathi lonke, “Yizani niyibone isenzeka.” Ndiyakuthi, “Zisani wonke... biza—biza wonke umgxeki onakho uze ubamise jikelele, nizakubona uZuko lukaThixo. Hlalisa esaa situlo ngaphaya apho anokuhlala khona phantsi aze aphumle ithutyana; uyakuba lapho ngomzuzwana, kwamsinya ndakubiza.”

⁸⁸ Ngoba busuku xa laa nkwenkwe eFinland, ngala mhla, gxebe; ilele apho ifile, ibe ilele phaya isiqingatha seyure, ityunyuziwe, igazi liphuma ngamehlo, mpumlo nangeendlebe;

imilenzana yayo yaphukile, kwii kawusi zayo ezincinci; kwaye unyawo lwayo luvele ekupheleni kwee kawusi zayo, izihlangu zayo zimkile. Ndajonga, ndaze ndacinga, “Kufanele ukuba yilaa nkwenkwe.” Ndathi, “Yithi, masijonge kumva wala Bhayibhile, Mzalwana uMoore.”

⁸⁹ Safumana uMzalwana uLindsay, uMzalwana uMoore wajonga emva phaya “‘Kwaye iyakwenzeka,’ ITSHO INKOSI,” (Owu, bethu!) “‘kuyakubakho u—umhlaba apho okuninzi okuhlaza okukhulayo. Amatye ayakube elekene. Inkwenkwe encinci enenwele ezichetywe zamfutshane, ibhulukhwana encinci iqhotyoshwe yamela phezulu apha, kunye neenyawo zayo. . . iikawusi zayo zinyuselwe phezulu. Uyakuba namehlo amdaka, ayakubuyela emva. Uyakubulawa kwingozi yemoto. Kodwa uyakubeka izandla zakho phezu kwayo, kwaye iyakubuyela ebomini.’”

⁹⁰ Nantso Yayiyiyo, ibhaliwe khona phaya. Nantso ilele, amen, ilindele nje iLizwi. Ndathi, “Ukuba lenkwenkwe ayiphilanga kwimizuzu embalwa ukusuka ngoku, ngoko ndingumprofeti wobuxoki, ndigxotheleni ngaphandle kweFinland. Kodwa ukuba iyaphila, yiwani ngobuso benu nize niguquke!”

⁹¹ Ndathi, “Kufa, awunakuyibamba.” Ndibiza umoya wayo ngokweLizwi likaThixo, “EGameni likaYesu Kristu,” phezulu yaxhuma. Kunjalo! Yabona? Owu, bethu! Ukholo, yabona, lwathatha indawo. UThixo utshilo njalo, nantso iyyiyo!

⁹² Ngoku, lowo ngu—lowo nguThixo ethetha kulo mhla ngombono. Kodwa lena: ukuba lambono wawuchasene kuLe, ubuyakuba ngongalunganga; *Lona* ngongaphezulu kombono. Ukuba nawuphi na umbono uchasene neLizwi, wuyeke; asingoka Thixo, uThixo akaliphikisi iLizwi ElileLakhe.

Ke, ukuba eli Lizwi likuxelele into ethile, ngoko ungabanengqiniseko enye ngoko kuzakwenzeka. Akukho nto, . . . Ukuba Lithi, “Bayakubeka izandla phezu kwabagulayo kwaye baya kuphila”; kulungile, mzalwana, ukuba ukholo, oluya Kholo luGqibeleleyo, luthi lufumane okuya, uyakuba. . . xa ugqitha ngalomgca wokuthandazelwa, uyakube uxhuma kwaye ukhwaza de u. . . xa usimka apha, “Iphelile!” Iphelile! Iphelile yonke, igqityiwe! Ukuba unesicelo entliziweni yakho kwaye ukholwe ukuba xa laa mthandazo wenziwe ngokuya, ubuyakuphendulwa, akukho nto unokuyixoxa, yilonto eyakwenzeka; njengomfazi enethombe legazi.

⁹³ UYesu wayenoKholo oluGqibeleleyo. Wa—Wayenalo, kwaye lweza kuba Waye eliLizwi. Kwaye uba liLizwi; uba liLizwi, njengoko usamkela iLizwi. “Ukuba nithi nihlale kuM, kwaye naMazwi Am abe kuni. AMazwi Am anga. . .” (*eli* Lizwi) “ahlale kuni, ngoko celani enikufunayo, kwaye iyakwenzelwa nina.” Yabona? “Ukuba nithi kule ntaba, ‘Suka,’ kwaye ningathandabuzi, kodwa nikholwe koko

nikutshiloyo, ngoko niyakubanako oko nikutshiloyo. Xa nithandaza, kholwani ukuba niyakwamkela oko nikucelileyo, kwaye niyakukuzuzwa; kuyakunikezelwa kuni.” Ixesha, isithuba, nanye into eyakuyiguqula yona. Niyazi ukuba yenzekile. Sele—sele igqithile nayo.

⁹⁴ Ngoku, qwalasela! Ngoku, kwaye Wathi kuthi, “Ukuba nithi nihlale kuM, kwaye naMazwi Am kuni,” uYohane oNgcwele, apha, “ungacela okuthandayo, iyakwenzeka.” Ngoko, qonda indawo yakho eSibhalweni, njengekholwa. Yabona, kufanele uqonde indawo yakho, njengoko Wayiqondayo indawo Yakhe.

⁹⁵ “Akubhalwanga na ukuba uKristu uyakuza, kunye nako konke ayakukwenza uKristu?” Wathi ku Kleyopa nakubo ngaloo ntsasa, “Akubhalwanga na kwiZibhalo ukuba bayakufanela ba . . . ukuba kufanele Eve ubunzima aze ngoko abulawe aze avuke ngosuku lwesithathu?” Wathi, “Kutheni lento nizeka kade ukuqonda?”

⁹⁶ Kwaye bacinga, “Bethu, le ndoda ithetha ngokwahlukileyo kancinci kwamanye amadoda.” Baza bafumanisa, xa bangenayo egumbini, yayi Nguye. Yabona, amehlo abo ayebanjiwe kuYe. Yabona, babesazi ukuba waqhubeka ehleli kwesaSibhalo, kwaye bazi ukuba yaYi Nguye.

⁹⁷ Ngoku, kufanele ukholelwe koko ukucelileyo. Ukuba ulikholwa, ziqonde njengekholwa. Ziqonde ukuba ezi zinto zezakho.

⁹⁸ Ukuba kukho ukugwebeka ebomini bakho, lungisa lonto kuqala. Yabona? Ukuba unokugwebeka ngaphakathi kuwe . . . ndi . . . okanye ungabanaye u-Oral Roberts kunye—kunye nabaliqela abangaphezulu abantu abanokholo ukuba baze apha baze bakuthandazele, kwaye baxhume phezulu nasezantsi, baze bagalele i-oli kuwe ngegaloni, i—iseyiyo a—ayisokuze ishukume. Injalo lonto.

⁹⁹ Yintoni ewileyo isuka kwimihlangano ka Oral kokuya? Ndabafumana kungca wokuthandazelwa. Umva esithi, “Wawuthandazelwe ngaphambili. Indoda enenwele ezimnyama, uhlobo lomfo omkhulu, iindlathi ezinkulu.” Lowo ngu Oral Roberts. Yabona? “Kwaye yayikwisixeko *esithile*; sibizwe *ngethile*, *ngethile* yento.”

¹⁰⁰ “Ewe, injalo lonto. “Yabona?”

¹⁰¹ “Wawuthandazelwe ngumntu *zibani ka zibani*.” Yabona, ngolohlobo. “Kodwa nantsi yile. Nantsi ingxaki yakho.” Yabona? “Hamba uye kulungisa lonto. Hamba uye phaya uyekuhlambulula esa sono emyenini wakho, kunkosikazi wakho. Yiya wenze *le nto*.” Ayisokuze ikuncede, akukhathaliseki nokuba uthandazela bani, de ulungise okuya. Ukugwebeka entliziyweni yakho, kwaye uThixo akasayi

kuza kuleya ntliziyo igwetyiweyo. Yabona? UThixo akahlali koko; kufanele uyilungise. Ngoko xa wenzileyo, kufanela ube nokholo. Ukuba yonke into ilungile, kufanele ukuba ube nokholo kwaye uyikholwe. Sukoyika.

¹⁰² KwiNcwadi kaYobhi, Ithi apha, “uYobhi woyika.” Kwaye oko wakoyikayo, ngenene kwenzeka. Yintoni eyayizisayo? Uloyiko lwakhe. Yilonto eyenza yenzeka. Ukholo lwakhe lwalunokumgcina kuyo, kodwa uloyiko lwakhe lwamzisa... lwayizisa kuye. Wayesoyika ukuba izakwenzeka, kwaye yenzeka. Ngoku, ukuba yayi—wayazi ibingayi kwenzeka, ngeyi ngenzekanga. Yabona endibhekiselele kuko?

¹⁰³ UKuba uyoyika xa usiza ngomgca wokuthandazelwa, “Mhlawumbi andinalo ukholo olwaneleyo”; ayisokuze yenzeke, sukukhathazeka. Yabona? Kodwa ukuba uyazi ukuba izakwenzeka, iyakwenzeka. Yabona? Yabona, ingundoqo wento ethile. UYobhi waba noloyiko lokuba ezi zinto ziyakumehlala, kwaye zenzeka. Ukuba unoloyiko lokuba isifo sakho sizakushiya... okanye asiyi kukushiya, asiyikukushiya. Ukuba unokholo, ukuba iyakwenzeka.

¹⁰⁴ Ungabuza wonke ugqirha wamayeza. Into yokuqala ayakukwenza uyenze, kukuba ube nengqiniseko kwiyeza akunika lona. Ukuba akunangqiniseko kulo, kungcono uliyeke. Yabona? Ngokuqinisekileyo! Yintoni ngoko? Lukholo olwenza impiliso; lukholo oluyenzayo onke amaxesha.

¹⁰⁵ UPetros, wayesenza kakuhle de woyika. ILizwi lamxelela, wayenakho ukuhamba emanzini. Wayesoyika kuqala, wacinga yayi ngu—ngumshologu, kwaye wathi, “Nkosi, ukuba Nguwe, yitsho ndize kuWe emanzini.”

¹⁰⁶ Wathi, “Yiza.” Ngoku, leyo yinto ekwanye neka Yakobi 5:14, enye neka Marko 16. UThixo okwamnye wayitsho Yona, wathi, “Yiza.” Kwaye ke waqalisa ukuhamba. Wenza kakuhle, wehlika waphuma emkhombeni, waqalisa ukuhamba... .

¹⁰⁷ Kwakukho uqhwithelo elwandle, uyazi; amakhulu, amaza anogwebu, emakhulu kunezinduli zikhona apha, ugwebu luphuphumala phezu kwawo; esoyikeka, mhlawumbi ishumi elinesihlanu, amashumi amabini eenyawo ogwebu, amaza anogwebu ephuphuma. Kwaye oko kwakuyinto eyoyikekayo kuye ukuyicela, “Ukuba Nguwe, Nkosi...” Yabona, Wakhangeleka nje nge...apho kwakhangeleka okwesithunzi okanye umoya. Wathi, “Ukuba Nguwe, yitsho ndize kuWe emanzini.”

¹⁰⁸ UYesu wathi, “Yiza.”

¹⁰⁹ Kwaye wehlika, wathi, “YiNkosi, ndiyakuhamba nje.” Kodwa xa wabhekisa amehlo akhe kumaza, waba nokoyika. Yintoni eyafikayo engcingeni yakhe? Into yokuqala, wa... . “Ndizakuhamba ngokuba iLizwi lithe kum mandihambe.”

Kwaye into elandelayo, wajonga kweyakhe i...kulungile, wajonga kwezakhe impawu; wajonga apho kwaye wabona ayemakhulu kangakanani amaza, waze waba nokoyika; kwaye xa wenzayo, ezantsi wehla. Yabona? Into awayeyoyika, yenzeka! Into awayikholelwayo, yenzeka! Xa wakholelwayo ukuba wayenokuhamba, wahamba; xa wakholelwayo waza woyika, kukholo lwakhe, ngoko undogo wakhe wamshiya. Yabona? Usalukhankanya ukholo lwakhe, kodwa wayengenaye undogo. Undogo wawunokuya kanye ngaphezulu kwalamaza anogwebu kwaye aye kanye kuYe, yabona, ukuba wayenalo uKholo oluGqibeleleyo. Yabona? Kodwa wayengenalo. Wayecinga unalo. Wayenalo ekuqaleni, wayekulungele ukulinga, “Kutheni, i*Nkosi* indixelele ukuba ndiyenze, izakwenzeka.” Ke wanyathela nje wehlika emkhonjeni, wathabathisa. Akazange acinge malunga na—na—na—namaza, ayechasene kangakanani. Akazange abenako oko engcingeni yakhe.

¹¹⁰ Ngoku, xa ufikelela ekucingeni, “Kulungile, ngoku linda. Kwaye, uyazi, bendigula ixesha elide, ndi...” Yima! Ungasuke ubuyele emkhonjeni. Yabona? Yabona? Kodwa xa uyeka ukucinga malunga noko, . . .

¹¹¹ “U-Abraham zange awubale umzimba wakhe, ngoku ufile, nako ukufa kwesibeleko sikaSara.” Zange acinge malunga noko, zange ayibale tu lonto. Ayizange iziswe ku—kumqondo. Zange ayibale nokuyibala konke konke; wabala nje oko uThixo akutshiloyo, waze waqhubeka. Okoko—okoko uPetros wakwenzayo oko, wahamba.

¹¹² Kodwa uYesu waphila kwilizwe apho kungekho bani waziyo ngalo, Waye ngongaqhelekanga uMntu. Wayephila kwilizwe loKholo oluGqibeleleyo kuThixo oGqibeleleyo, into Awayeyiyo. Ukuba siphila kuKholo oluGqibeleleyo lobuKristu, koko sikuko, siyakuba ngabafihlakeleyo ehlabathini; abantu abayi kukuqonda. Uyakuhamba eMoyeni. Oko uMoya akutshiloyo, uyakukwenza. Oko Akunqandayo, akuyi kukwenza. Ngoko abantu baqalise ukuthi...ba... uyakuba ngo—ngofihlakeleyo umntu kubo.

¹¹³ Yilondlela kuyiyo kuwo onke amakholwa, bangabafihlakeleyo. Abantu ababaqondi, ngokuba baphila kwilizwe elilelabo. UYesu waphila kwilizwe apho kungekho nabani ongomnye onokulichukumisa. Abafundi babengenakho ukumqonda Yena. Xa Wathetha nabo, batsho *oku*. Kwaye ngoko bathi, “Kutheni, U—Uthetha ngokuntsonkotha! Asi—asiyiqondi lento. Ingenzeka njani lento?” Yabona, babengekho kwilizwe Awayephila kulo. Yabona, babengenakho ukuMqonda, akukho bani wayeno kumqonda Yena.

¹¹⁴ Kwaye xa indoda iphila ngokholo kwaye ihambe ngokholo, ndithetha undogo wokholo, ikhethekile kwihlabathi lonke kwaye iba sisidalwa esitsha kuKristu. Apho, ngoku ufikelela kwizixhobo zokwenza uMtshakazi. Yabona? Yabona? Yabona?

Ungena kwimeko yoxwilo, ngoku. Oko kubhekiselele ngamnye kuthi; hayi nje umalusi, amadikoni, abaphathiswa. Oko kubhekiselele kumgwenye, wonke umntu ngamnye uhamba kwilizwe noThixo yedwa. Ubhaptizelwe kobu buKumkani, kwaye akukho nabani apho kuphela wena noThixo. Yabona? Unika imiyalelo, kwaye uyayithabatha. Nantoni na Ayitshoyo, akukho nasithunzi santandabuzo naphina, uyahamba uqhubeke. Ukuba iNkosi itsho *oku*, akukho nabani ehlabathini unokukhupha kuyo, uyaqhubekeka nje ngohlobo olunye. Ngoku uyeza kuKholo oluGqibeleleyo, egqibeleleyo ingqibelelo engenakohluleka. *Olwa* kholo zange lohluleka. Ewe, Wayengofihlakeleyo kubo ngoKholo Lwakhe oluGqibeleleyo; kwaye ke injalo ngoku kwabo banoKholo oluGqibeleleyo, bafihlakele kwabanye.

115 Sifundiswa ukum “chasa uMtyholi, kwaye uyakumka kuthi.” Ngoku, ukumchasa nje kuku “kukumala”; *mchase* nje, kuku “nje hambela phaya kuyo.” UThixo utsho into ethile; akukhathaliseki nokuba uzama ukukuxelela ntoni, ungamameli nokumamela kuye. Une...iindlebe zakho zisisithulu nakweyiphi enye into kuphela koko uMoya akutshoyo. Yabona? “Kulowo unendlebe (omamelayo), bona oko uMoya akutshoyo kuwo amabandla”; lowo unomsebenzi wokumamela, okubambayo oko akutshoyo uMoya kuwo amabandla. Yabona?

116 Oko akutshoyo uSathana, “Kulungile, andinakho nje...” Oko akunanto yo... “Kulungile, ukuba ufundisa *oko*, ihlelo liyakukhu...” Oko akunanto yakwenza nayo, uhamba nje ngohlobo olunye.

117 “Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla.” Uyazi, eBhayibhileni, Isoloko isitsho qho oko. “Kulowo unalo ukholo. Kulowo unendlebe yokuva, makeve.” Yabona? “Lowo unobulumko, makalibale inani lerhamncwa.” Zonke ezi zinto zahlukileyo. “Lowo unayo, makayixelele abanye, ukuze babenayo.”

118 Kwaye oko kungokholo esithetha ngalo ngoku, ukholo okufanele ube nalo, olwa Kholo luGqibeleleyo; olwa Kholo luthi, “Ewe!” Akukho nto inokuthi “hayi” xa uThixo esithi, “Ewe.” Yabona? Xa esithi “Ewe,” Ngu “Ewe!” Kwaye akukho nto yimbi enokuyithabatha Yona kuwe.

119 NgoKholo Lwakhe oluGqibeleleyo, Wayengaqhelekanga kakhulu. Kwaye uMtyholi zange ahlale ecaleni Lakhe kakhulu. Siyifumana kwisifundo ngale ntsasa. Xa esiza kunye nelaqhinga likhulu lo—lokuqulunqa kobukrelekrele, waqhatha kuYesu apho xa wezayo, waze wafumanisa ukuba ubethe intambo elishumi lewaka lamandla ombane: amgibisela emva kwakhona. Ewe, mhlekazi. Wathi, “Kubhaliwe, umntu akasayi kuphila ngasonka sodwa!” Whew! Wafumana ukothuka ngoko.

Uza ngokuthambileyo kwityeli elilandelayo, xa wathi, “Ngoku uyiNdoda ebalulekileyo, Ungazikhukhumalisa Wena apha, ube nguthile.”

¹²⁰ Wathi, “Jikela emva Kwam, Sathane.” Owu, bethu, oko wahlangana nako! Kwaye, “Uze ungayilingi iNkosi uThixo wakho.” Yabona, Wazingqinisisa kuSathana ukuba Wayeyi Nkosi uThixo. “Ngokuba kubhaliwe, ‘Uze ungayilingi. . .’”

¹²¹ Ngoku, ukuba—ukuba uSathane akazange akwazi oko ukuba yayi yiNkosi uThixo, wayenokuthi, “Yima umzuzwana, Akunguye la Mntu.” Kodwa wazi ngcono ngoko ukuba angaxoxisana Naye.

¹²² Wayesazi umhlaba amakeme kuwo. Wathi, “Uze ungayilingi iNkosi uThixo wakho.” Kwaye nguLowo wayeNguye. Kwaye uSathane wazi ngcono kunokuba atsho oko, ngokuba imisebenzi kaYesu yayisele ingqinile ukuba Wayeyi Nkosi uThixo wakhe.

¹²³ Qaphela ngoku enye. UKhohlo oluGqibeleleyo bubugcisa bazo zonke iimeko. UKhohlo oluGqibeleleyo lulawula zonke iimeko. Akukhathaliseki nokuba yintoni, Iyazilawula. Ngoku, qwalasela nje! Xa ukholelwa nayiphi into, wenza nayiphi into, kwaye unokholo koko ukwenzayo; nokuba imeko zithini, oko akuna nto yakwenza nalo. Yabona, ilawula loo meko. Ukuba ise—isegumbini lokugula, kwaye uThixo utyhilile ukuba lento ithile iza kwenzeka, uyayithetha nje uze uqhubeke.

¹²⁴ “Owu, ingaba i. . .?” Sukubuza nje nayiphi imibuzo. Sele iphelile, qhubekeka nje uhambe. Yabona? Ilawula zonke iimeko. “Kulungile, ukuba wenza *le, uZibani-ka-zibani* uzakwenza. . .” Oko. . . uyabona, Isele iyilawula. Yabona?

¹²⁵ UKhohlo luyakholwa ukuba uThixo uyakuyenza. “Andiyazi ukuba Uzakuyenza njani, kodwa Uyakuyenza nakanjani.” Yabona? Lulawula zonke iimeko.

¹²⁶ Kwaye ukhohlo kunye nothando ziyazalana, ngokuba akunakuba nakhohlo ngaphandleni kokuba unalo uthando, ngokuba ukhohlo lwakho likuThixo Osesona sisiseko sothando. UKhohlo nothando zisebenza kunye.

¹²⁷ Apha, njengabatshatileyo abatsha. Uthabatha umfana osemntsha kunye nomfazi osemntsha, kwaye bayathanda. . . bayathandana omnye nomnye. Kwaye njengoko beqhubeke baze baqalise ukwazana omnye nomnye ngakumbi, iintliziyo zabo ziyaqalisa nje ukubetha njenge nye. Yabona? Ba—ba. . . noko abangomyeni nenkosikazi, kodwa uthando lwabo luyabahlanganisa badibane, kwaye banengqiniseko omnye komnye. Ngoku, ukuba ngenene bayathandana, uthando lwenene, kwaye uyayazi lonto ukuba le ntombi iyakuthanda kwaye—kwaye iyayazi ukuba uyayithanda yona, unengqiniseko (ukhohlo omnye komnye) ukuba ninokholo omnye komnye; ukuba aninjalo, kungcono ungayitshati yona. Yabona?

128 Qaphela, kufanele ube nokholo. Kwaye ubohlule bona uze ubeke omnye kude kakhulu emazantsi omnye kude kakhulu emantla, kuyakuba kusekho olwathando lubethela omnye komnye, akukhathaliseki nokuba baphi. Banyanisekile nje omnye komnye ngangokuba benakho, ngokuba bayathandana. Kwaye ukuba uyayithanda iNkosi, hayi nje ukuzama ukuphepha isihogo, koko uyayithanda iNkosi, ngoko unokholo kuThixo; yabona, ukuba uyamthanda Yena.

129 Njengayo i—intombi encinci... isandula nje ukwenzeka apha eLouisville, kungekudala. Umfazi, waye e—waye e... engumKristu iminyaka emininzi, kodwa umyeni wakhe wayesandula... wamthanda, wayithanda le ndoda. YayingumKristu, iminyakana embalwa. Kwaye ke batshata; babethandana kwaye benengqiniseko omnye komnye, kwaye batshata. Kwaye ngokunjalo umfazi wathi kwindoda, wathi, “Myeni, kufanele kubenzima kuwe, ungumKristu nje osemntsha. Unokuninzi osafuneka uhambe kuko.” Ukusela yayinto eyayiyiyo. Wathi, “Unokuninzi osafuneka uhambe kuko.” Waze wathi, “Ndiyazi ubophelelekile ukuba ulingwe kakhulu.” Waze wathi, “Ndifuna wazi into enye ngoku. Ngoku, ukuba kwenzekile uwe, ukuba kwenzekile u—uwele ekuhendweni kwaye woyiswe, sukuhlalela kude ekhaya; buya. Yiza kanye apha, kuba ndi—ndizakube ndilapha ndilinde wena, kwaye ndizakukunceda ndithandaze kwakhona ude ufumane uloyiso. Ndizakuhlala nawe, ngokuba xa ndandikutshata, ndakutshata ngokuba ndandikuthanda. Kwaye nokuba uyintoni, ndisakuthanda.”

130 Kwintsuku ezimbalwa emva koko, yayisitya isidlo sayo sasemini kunye nabahlobo bayo ezantsi kwigumbi lokubilisa, yayibaxelela malunga noko, yathi, “Ngoku, inganakho njani indoda ukwenza nenye into engalunganga xa umntu othile ekuthanda ngolwahlobo?” Yabona?

131 Nako ke apho ukhoyo. Ungayona kanjani—kanjani la ngqiniseko?

132 Kwaye xa sasi ngaboni, siphethethiwe, singena Thixo; ehlabathini, koba bumdaka bodaka, njengoko ndithethe malunga nayo ngale ntsasa, uThixo uze kuthi! UThixo ukukhangele, akuzange ukhangele uThixo. “Akukho mntu unokuza kuM ngaphandleni kokuba uBawo amtsale yena kuqala.” Kwaye uThixo wehla waza koba bumdaka, owawukubo, kwaye wakukhangela waze wakukhupha ngaphandle! Oko kufanele kudale uThando oluGqibeleleyo. Jonga into owawuyiyo, kwaye ujonge okuko. Yintoni eyenzileyo lonto? Umntu othile okuthandayo! Akungebi nalo ukholo koko Akuthembise kona, ngoko? Uthando olu lulo lwenene luyakudala ukuthembela kwiLizwi Lakhe.

133 Wandifumana xa ndandingeyonto. Andiyonto nangoku, kodwa ndisesandleni Sakhe. Yabona, Wandifumana.

Kwaye Wandithanda xa ndandingathandeki. Wakuthanda xa wawungathandeki, kodwa Wakuguqula. Kanye nje ngodade webala watshoyo, ngela xesha kubungqina bakhe, wathi, “Andi—andikuko endifanele ukuba kuko, kwaye andikuko endifuna ukuba kuko, ngoko andikuko endandiqhele ukuba kuko!” Wayesazi usuka ndaweni ithile, into ethile yenzekile. Kwaye leyo yindlela eyiyo. Ukuba uThixo, xa ndandiphetsethiwe kuYe, wandithanda kakhulu de Wazithoba ukuza kundithabatha andichole, oko kundinika ingqiniseko yokuba Ufuna ukundisebenzisa. Unenjongo ekwenzeni oko. Wabona into ethile kum. Wabona into ethile kuwe. Wayenesizathu sokukusindisa, jonga kubantu abangasindiswanga namhlanje. Jonga izigidi Abenokuzithabatha ngaphandle kwakho, kodwa Wathabatha wena. Amen! Akukho namnye unokuthabatha indawo yakho. Amen! Ukubutyebi bukaThixo. Akukho namnye unokuyenza. Olo Luthando Lwakhe *kuwe*.

¹³⁴ Ngoko, alunakolulela kanye emva kuYe uthando lwakho? Kwaye apho kukho indibano yothando. Akukhathaliseki nokuba imeko ithini, iimeko zayo zilawulwa loluThando oludala uKholo: lokuba uThixo uyakuthanda kwaye uyamthanda uThixo, kwaye niyathandana omnye nomnye, kwaye—kwaye oko kuzisa uKholo. Kulungile. Ngoko alinakho—alinakho ukuyeka ukuzisa kanye ngokuchanekileyo oko uThixo akuthembisileyo ukuba liyakukwenza.

¹³⁵ Ngoku, qwalasela! UKholo oluGqibeleleyo lunyulu, lunyulu nje ngothando lunjalo. Yabona? Ngoku, xa uthanda umntu othile, kwaye ube. . . uthanda umyeni wakho okanye uthanda unkosikazi wakho. Ngoku, akukho sidingo sakhe nabani okuxelelayo “awukwenzi” oko, ngokuba uyayenza lento, kwaye uyayazi uyayenza.

¹³⁶ Ngoku, ukuba ndingakubuza, “U—ungayenza kanjani ubonakalise ukuba uyakwenza oko?”

¹³⁷ “Owu, ndiyalubonakalisa ngendlela endiphila ngayo kuye.” Yabona? “Ndingonyanisileyo, onyanisekileyo unkosikazi. Ndingothobekileyo, onyanisekileyo umyeni, kwaye oko kubonakalisa kum ukuba ndi—ukuba ndiyamthanda unkosikazi wam; okanye ndiyamthanda umyeni wam.” Yabona, ubomi bakho bubonakalisa into oyiyo. Into ekwanye ubuKristu obuyenzayo. Yabona? Ukhlo lwakho, unengqiniseko ngakomnye, lunyulu. Kwaye yinto eyinene, ongenakuyibonisa komnye umntu, noko unayo, kwaye izenzo zakho ziyayibonakalisa.

¹³⁸ Kwaye xa usiba nyulu, uKholo olungakrexezwanga, njengothando lwakho lunjalo kwiqabana lakho, ngoko uyabonakalisa ngendlela owenza ngayo. Akusayi kukhalaza kwakhona, uyazi yenzekile, hamba nje. Akukhathaliseki

nokuba into ikhangeleka njani, nokuba nabani uthini, uyakwazi okwenzekileyo. Uyazi ukuba igqityiwe; nje kakuhle njengokuba usazi ukuba uyamthanda umyeni wakho, nje kakuhle usazi uyamthanda. . . Yabona, uthando nokholo kufuneka zihambe kunye. Ziyazalana, ziyathanda. Uthando luzala uKholo.

¹³⁹ Xa uSathane esihenda, masimchase kuKholo oluGqibeleleyo kwiLizwi eliGqibeleleyo, njengoko wenzayo uYesu. ILizwi likaThixo ligqibelele. Kufuneka sibe noKholo oluGqibeleleyo kweli Lizwi liGqibeleleyo, kwaye simchase uSathane.

¹⁴⁰ Ngoku siyakukhawulezisa, nje ngokungxama esinokuba nako.

¹⁴¹ NgoKholo Lwakhe kwi—kwiLizwi Lakhe si (Uyeyisa), singoyisa nantoni: kokubini ukufa, isihogo, kunye nengcwaba. Siyazi ukuba uThixo nguThixo, olwaKholo luGqibeleleyo kwiLizwi likaThixo eliGqibeleleyo, Uyeyisa yonke into athi Adibane nayo. Ukufa kwakungekhe kume nokuma Ebukhoneni Bakhe. Ukugula kwakungenakuma Ebukhoneni Bakhe. Okuphuma Kuye kwakunje ngemilambo yamandla, iphuma ngokuqhubekeka, amandla ephuma engubeni Yakhe. Aba bantu, babelele kwizithunzi Zakhe; inyathelo, babeka umnwe wabo kwingubo Yakhe kwaye baphiliswa. Xa la mfazi wakwenzayo oko, ngoko wonke ubani wafuna ukuchukumisa ingubo Yakhe, 'kuba babona ukuba kwakukho amandla aphuma Kuye ngokuqhubekeka, ephuma njengemilambo. Nanko Wayelapho, ehamba, ehamba kwihlabathi ngoKholo oluGqibeleleyo, ngokuba WayeliLizwi.

¹⁴² Kwaye ngoku, “Ukuba nithi nihlale kuM,” ngaYe, Wazisa iLizwi kuni; “kwaye aMazwi Am ahlale kuni,” ngoko hambani kuhlobo olunye lwendlela: amandla ephuma kuwe, imilambo kaThixo yemithombo yentsikelelo iphuma nje isiya ebantwini. Yabona endibhekiselele kuko? Kwaye akuzenzisi, akuyicingeli. Iyenzeka ngenene, kwaye uyayibona. Ukuba uyayicingela nje, oko akwenzi nanye into elungileyo; kodwa ukuba ngenene ilapho, iyenzeka ngenene.

¹⁴³ Ngoku qaphela! Yabona, ngaYo, xa Wemayo waze Wathi, “Ukuba nithi niwutshabalalise loMzimba (leTempile), Ndiyakuyivusa Yona kwakhona ngeentsuku ezintathu.” Ngoba? Wayenlisekile nje ukuba Uyakuyenza lonto, ngokuba iZibhalo zitshilo ukuba Uyakuyenza (uMesiya): “Andiyi kuwushiya umphefumlo Wakhe kwelabafileyo, Ndingayi nakumyekela Lowo Wam oNgewele abone ukonakala.” Umprofeti, lowo iLizwi liza kuye, wakatsho oko ukuba kuyakwenzeka, kwaye Wayesazi ukuba Unguye laMntu.

¹⁴⁴ Kwaye xa i. . . UYesu, Ngokwakhe, wathi, “Umthandazo wokholo uyakusindisa ogulayo,” okanye “Bayakubeka izandla zabo kwabagulayo, kwaye bayakuphila.” Ukuba. . .

Kufanele ubenayo langqiniseko igqibeleleyo yokuba “xa izandla zibekiwe kum, ndiyakuphila,” kuba Watsho njalo.

145 Wathi, “Wutshabalaliseni Lo Mzimba, kwaye Ndiyakuwuvusa Wona,” kuba Wayesazi ukuba Waye engu Mesiya. “Andiyi kumyeka Lowo Wam Ongcwele abone ukonakala”; Wayesazi Ukuba UngoNgcwele. “Ndingayi kumshiya umphefumlo Wakhe kwelabafileyo”; Akazange. Wayesazi ukuba Uyakuyenza. Wayenengqiniseko yokuba Wayelapho ukuya kweyisa kokubini ukufa nelabafileyo, wathi, “Wutshabalaliseni Wona, ukuba niyafuna, kwaye Ndiyakuwuvusa Wona kwakhona ngeentsuku ezintathu.” Owu, bethu! “Ndinamandla wokubeka ubomi Bam phantsi, okanye Ndinamandla wokubuthabatha kwakhona”; Wayesazi ukuba Waye enguBani.

146 UngumKristu. Unelungelo nakweyiphina intsikelelo ehlawulelwayo leyo uYesu wafela wena ngayo. Yeyakho yonke! Sele ihlawulelwe, kufanele nje uyikholelwe. Hayi ukuyicingela; kodwa yikholelwe, kwaye wazi ukuba yeyakho, kwaye ungaba nayo. Owu, olu luKholo lokoyisa: ukwazi! Ehe.

147 Wayesazi ukuba iyakwenzeka ngaphambili. Wayenokuqikelela ukuba iyakwenzeka, ngokuba Wayesazi ukuba iyakwenzeka; kwaye nantoni na Ayiqikeleleyo, iyenzeka. Ngoku, qwalasela! Nantoni Ayitshiloyo, uThixo uyayizalisekisa into Ayitshiloyo. Cinga ngalonto! Nantoni uYesu ayitshiloyo, uThixo uyenza Yenzeke. Ke, Wayesazi ukuba Amazwi Akhe yayi ngaMazwi kaThixo. Ngoku, jonga! Esa Sibhalo sinye sibuyela kanye emva kuthi kwakhona, “Ukuba *nithi* kule ntaba.” Owu, bethu! Ndi—ndiyakuyeka nje oko kufunxeke nje kancinci, uyabona, kuba siza kuba nomngca wokuthandazelwa. Sizakulinqumamisa ibandla size sithandazele abagulayo, abo bafuna uku. . . mabahambe.

148 Jonga! Wayesazi ukuba Umkholisile uThixo. Wayesazi ukuba akukho nto ebomini Bakhe. UThixo wayesele engqinile. “Lo nguNyana Wam oyintanda Yena Endikholisiweyo kakhulu Nguye, mveni Yena! Lo nguNyana Wam oyintanda Endikholisiweyo ukuhlala Kuye,” ngomhla wokubhaptizwa Kwakhe. “Ndikholisiwe ukwenza indawo Yam yokuhlala ngaphakathi apha, akukho kugwetywa kuYe konke konke.”

149 Ngoku, xa uThixo okwamnye esiza kuwe, kwaye ekholisekile ukuhlala kuwe, ekholisekile ukuhlonipha ilizwi lakho, siyintoni isigqibo sakho, . . . Sasiyintoni isigqibo sikaYoshuwa? “Yima, langa!” Kwaye lema apho. Amen! Ngokuqinisekileyo! Sasiyintoni isigqibo sikaMoses? Waphakamisa intonga yakhe phezu ko—komlambo *ngolwa* hlobo, emva koko wawubiza “Vuleka!” Kwaye wavuleka!

Yabona, nantoni enisukuba niyicela. “Kwaye ukuba nithi kule ntaba, ‘Funquka,’ kwaye ningathandabuzi, yabona, ezintliziyweni zenu, kodwa nikholwe ukuba enithe nakuthetha kuyakwenzeka, ningakufumana enikutshiloyo.” Oko kukubeka emva eLizwini. Ngoku, asilobisi labantwana. Yabona? *Ikubuyisela* emva. Ndiyazi iyakutsibela kanye phezu kwenu, mhlawumbi, yabona, ngokuba Ayinakuzinza. Kodwa olululo, elenene ukhoho luyakubamba oko, kanye ngoku.

¹⁵⁰ Ndiyibonile, sihlobo. Nantsi le Bhayibhile ilele ivuliwe phambi kwam. Ndiyibonile isenzeka, kwaye ndiyayazi ukuba yiNyaniso. Ndiyazi, uThixo eseZulwini uyazi, ukuba ndisenokungahlali ndiwugqibe lomyalezo, kodwa ndi—ndiyazi ukuba yenzekile. Ndiyibonile ngokwam. Ndilingqina lwela Lizwi lizaliseka, oko ndiyakwazi ukuba Kuyi Nyaniso: litsho, kwaye ume apho kwaye ubone uMdali esizisa isidalwa esiphilayo ebomini, kanye phambi kwamehlo akho; udlikidle intloko yakho umangaliswe; kwaye ubhekabheke uze umbone Yena esizisa esinye, nje ngokuchanekileyo njengaso, ngokuba utshilo njalo; kwaye guqukela ngapha uze uthi, “Kuyakubakho esinye phaya,” kwaye jonga, naso isiso! Ngoku, leyo yinyaniso.

¹⁵¹ Owu, kuphi apho sifanele ukubakho? Nalo Ukhoho oluGqibeleleyo. Hayi umbono, “Thetha nje iLizwi,” zange ndambona unomatse. Watsho nje *esi* Sibhalo, into esasiyigo, kwaye “Yithethe, kwaye ungayithandabuzi; kodwa oko ukutshiloyo, kuyakuba lapho.” Kwaye ndamthabatha uThixo eLizwini Lakhe, kwaye kwakuphaya. Injalo lonto. Oko kunamandla nje...Kwaye sihlobo, njengomalusi wakho, oko kunamandla nje ngexa uYoshuwa wamisa ilanga; ngokuba ilanga lalisele liphaya, izinto zazihamba, kwaye wamisa ukuhamba. Kodwa lena, Wazisa into ethile phaya eyayingekho phaya, Wadala! Ndivuya kakhulu ukuqhelana noThixo onokuthabatha uthuli lomhlaba, ngenye imini, ngaphandle kwanto, waze wandibizela ebomini kwakhona, olwa khoho lunye, emva kokuba ndihlwayelwe engcwabeni. Owu, bethu! Nantso iyiyo.

Ukhoho lwam lukhangela kuWe,
Wena Mvana yeKalvari,

¹⁵² Uyitsho kwaye ungathandabuzi, kodwa kholwa koko ukutshiloyo, uyakukufumana oko ukutshiloyo. Yabona, kholwa ukuba iyakwenzeka!

¹⁵³ UDavide, kwiiNdumiso, wathetha Ngaye. Kwaye ngalo, Wathabathaba amandla Akhe waze Walungiselela kwabanye. Akazange Wawagecinela kuYe kuphela, kodwa Walungiselela kwabanye ngawo; ngokunjalo wasindisa abanye, nkqu naseziphelweni, kwaye Angenza kwa into ekwanye nangoku. Kwaye uthembise kwa ukhoho olukwalunye kumakholwa,

eLizwini Lakhe, kwaye uYohane...njengoko uYohane 14:12, Watsho njalo; Marko 16; kunye ngokunjalo ku Marko 11:23, sisandula ukufunda.

¹⁵⁴ Ngoku, qwalasela. Ngoku, Ubonakele kuthi kwimo ekwanye Awenza ngayo kubo kwiTestamnte Endala, kwaye ekwanye njengoko Wenzayo kwiTestamente Entsha; kwaye ubonakalise kwa ngeLizwi elinye, uKristu omnye. Kwaye ndazisa kuni loo Kristu nguMoya oyiNgcwele. I—igama elithi *Kristu* lithetha “othanjisiweyo”; nje umntu othanjisiweyo, lowo nguKristu, othanjisiweyo. Bangaphi abayaziyo ukuba lonto yinyani? Leyo lutolik-...Othanjisiweyo, kuyakubakho umntu oyakuthanjiswa. Athanjiswe ngantoni? IBhayibhile ithetha kwi Zenzo 2, ukuba uYesu waseNazarete, iNdoda evunyiweyo nguThixo, ethanjiswe ngoMoya oyiNgcwele; yahambahamba kwaye isenza imisebenzi emikhulu kunye nezinto, yabona, la Thixo wabonakala, wabonakalisa ukuba Waye ekule Ndoda.

¹⁵⁵ Kwaye ngoku, siba ngabathanjisiweyo ngaloo Moya okwa mnye, oomesiya abathanjisiweyo; oomesiya bomhla wokugqibela, ukukhanyisa uvuko luka Yesu Kristu; ukubonisa ukuba Akafanga, kodwa ukwimeko kaMoya oyiNgcwele, Usebantwini Bakhe; ushukuma phakathi koMtshakazi Wakhe, ngonxulumano lothando kuYe, ezithululela kuYe, Ngokwakhe. Baba banye ukulungiselela iSidlo soMtshato; kwaye imiqondiso ekwaminye, ethenjiswe nguThixo okwamnye, kwiLizwi elinye, lenza kwa ukubonakaliswa Kwakhe okunye.

¹⁵⁶ Akukho nto isaseleyo yokuba siyenze koko kukuLikholwa, kwaye “ukulikholwa” ngundoqo, kwaye oko kudala uKholo oluGqibeleleyo. Khawucinge nje sindindisholo kanjani—kanjani; cinga nje ngoko oko mzuzu, ngoku.

¹⁵⁷ Ngoku, masibone. Ingaba Uzenzile zonke izinto kakuhle? Ingaba Wakhe wasixelela nayiphi into, ngaphandle koko kwenzekayo ngokuchanekileyo ngendlela Ayitshiloyo? Ingaba Akayenzanga, kwaye ingaba iNtsika yoMlilo enkulu ayibangakho na phakathi kwethu kwaye yenza ngokuchanekileyo njengoko Wathembisa uyakwenza? Ingaba asiyibonanga Yona? Ingaba inzululwazi Ayiyithabathanga, emva kokuba kuqikelelwe okuya kwenzeka; yaya kanye phaya kwaye yabakho nakumaphepha nako lindixesha, yapakishwa kanye emva yaze yaboniswa, xa nayixelelwayo kwiinyanga ngaphambili kokuba yenzeke? Akenzanga kanye ngokuchanekileyo ngendlela Awenza ngayo kwiTestamente Endala, nakwi Testamente Entsha? Kwaye nje Ikwa ngo Mnye ngokuchanekile! UMoya oyiNgcwele okwamnye uyeza, kwaye unguMcaluli. “Kwaye iLizwi likaThixo, elikhawulezayo nelibukhali kunekrele elintlangothi-mbini, uMcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo.” Ayikho njalo lonto? Asinguye lowo uThixo okwa mnye? Ngoku, lowo ukwa Mnye,

akanguye ongaqhelekanga wasendaweni ithile engenye, Ulapha. Ulapha, wenza oko ukudala uKholo oluGqibeleleyo. Ndiyamva Yena. Ndiyazi ukuba Ulapha ngoku. Ndiyazi ukuba uMoya Wakhe ulapha. Ndiyazi ukuba Wazi zonke izinto. Amen! Kwaye ndiyazi Ufuna u—ukwenza into ethile. Ube esenza into ethile, uku—ukudala oku kugqibelela kokholo ebantwini.

¹⁵⁸ Ingaba siyakhamba siye kwi nguNaphakade, njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, kunye nemiphefumlo esibhozo eyasindiswayo? Ingaba siyakuza njengo Lote, nabathathu ukuphuma eSodom? Ingaba sizakuza, njengakwimihla kaYohane umBhaptizi, kunye namakholwa amathandathu? Masikholwe, ngokuba imisebenzi Yakhe igqibelele! Ibonakaliswe imihla ngemihla kwaye ngokugqibeleleyo phambi kwethu, esibonisa ukuba UliLizwi, iLizwi! AmaHebhere, isahluko sesi-4, athi.

*...ilizwi likaThixo li...bukhali kunalo naliphi
ikrele elintlangothi-mbini, ...lide licalule iingcingane
nezicamango zentliziyo.*

¹⁵⁹ Cinga ngoko! ILizwi likaThixo liyiyo Lonto, uMcaluli wezicamango zentliziyo. “Ngokuba iLizwi likaThixo liyakhawuleza kwaye linamandla kwaye libukhali kunalo naliphi ikrele elintlangothi-mbini, lihlaba lide liphumele ekwahluleni umphefumlo nomoya, kwanamalungu kwanomongo, kwaye linguMcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo.” ILizwi lenziwe inyama! Haleluya! ILizwi lisebenza enyameni yomntu, ngemiqondiso esenyameni, ngemiqondiso ekwizinto eziphathekayo, ngemiqondiso yeSibhalo, ngokugqibeleleyo, ukuzisa kuwe uKholo oluGqibeleleyo lokwenza uXwilo oluGqibeleleyo.

¹⁶⁰ Kutheni singenakujonga kuYo? Hayi efihlakeleyo; uMtyholi ubeke yonke into ehlabathini phambi kwakho, ezama ukukugcina, ukukwenza...akugcine ungalikholelwa Lona. Uyakuyizisa emhlanganweni aze azame ukugibisela yonke into anako ngaphambi kwakho. Yivuthululele kude kuwe! IBhayibhile ithi, “Vuka uzivuthulule.” Zitswebe.

¹⁶¹ UMoya Wakhe ulapha, Uyakwazi. Unento enye omawuyenze, kwaye leyo kukuyikholwa Yona, ukuyamkela Yona. Uyazi. Uyayikholelwa lonto? Uyayazi into ekuwe, Uyakwazi into oyiyo, Uyayazi iyintoni iminqweno yakho, Uyakwazi onesidingo sako.

¹⁶² Jim, uyakholelwa Uyazi malunga nolwa sana? Kuthatyathwe umkhuhlane wakhe ngaphambi kokuba wena uhambe, ikhulu elinesihlanu. Uyakholelwa Uyakuliphilisa? Yiza kulo, namhlanje, luyagula. Uyakumka kulo. Ndijonge nje ngaphaya ndaze ndaba bona phambi kokuba balishiye ikhaya, into abayenzileyo. Ngoku, leyo yinyani.

163 Nkskz. Little, uyamkholelwa uThixo uyakunika uloyiso kulo swekile? Kukho umfazi ohleli ecaleni lakho, andikwazi, kodwa uMoya uphezu kwakhe. Into akhathazeke malunga nayo ngomncinci... unomntwana ofanele ukuba notyando emehlweni okanye into ethile. Usuka eChicago. “Liyakhawuleza, linamandla ngaphezulu, kunekrele elintlangothi-mbini; uMcaluli,” Yintoni? ILizwi! Niyayikholelwa lonto? Ngokuqinisekileyo.

164 Kukho inenekazi lihleli kanye kumqolo olandelayo phaya; lisandula ukuba notyando elisweni, alwenzekanga kakuhle. Kodwa uya—uyayikholelwa Yona, iyakuba... uyakuba—uyakuba ngolungileyo. Uyayikholelwa Yona? Kulungile. Yena, ucinga malunga noko.

165 Nkskz. Peckenpough, asikokwakho, kokwalo mzukulwana uhleli apha. Uthandaza malunga naye, kodwa uyakholwa ukuba uThixo uyakumenza aphile? Uyakholwa uThixo angandixelela yintoni engalunganga kunye naye. Oogqirha abazi; hayi. Injalo lonto. Ukudumba kwemiphunga. Injalo lonto. Unemeko yegazi. Ichanekile! Bakuhlobo lokubhideka malunga nokuba bayakumyeka aye esikolweni okanye hayi. “Liyakhawuleza, linamandla ngaphezulu, kunekrele elintlangothi-mbini.”

166 Ndibona umfazi ephuncukana nokutya kwakhe. Usendaweni ithile, mandifumane ubuso bakhe ndaweni ithile. Ewe, uhleli emva phaya. Igama lakhe ngu Nkskz. LewEllen. Uyakholelwa ngentliziyo yakhe yonke, lo ngxaki yesisu izakumka kuwe. Amen!

167 Apha linenekazi lihleli kanye ngaphesheya ukusuka kuye, lijonge kum kanye ngoku, lihleli ekupheleni; unxibe iindondo. Unesifo samathambo. Sikwi sandla sakho sasekhohlo; yayikho, ayisekho ngoku. Ewe, ukuba uyakholwa!

168 Malunga naphi nolwasana luncinci, kanye emva phaya? Lisuka e-Ohio; linomhlaza elisweni. Uyakholelwa uThixo uyakuliphilisa? Uyakuyenza, uyayikholwa. Ashland, Ohio! Uyakholwa ngoku ukuba uThixo uyakulenza liphile, Uyakuyenza. Yintoni Lona? “Linamandla ngaphezulu, liyakhawuleza kunalo naliphi... ”

169 Naku kuhleli inenekazi apha, into ethile imbethile, unengxaki egxalabeni lakhe. Injalo lonto. Ingaba injalo lonto? Kulungile, Yikholelwe, kwaye iyakumka. Yabona? “ILizwi likaThixo, uMcaluli wengcingane kunye nezicamango zentliziyo.”

170 Ngoku, akukho makhadi okuthandazelwa kwesi sakhiwo. Akukho mntu wokuthandazelwa... nikezela nawaphi amakhadi okuthandazelwa. Asiwasebenzisi wona apha, ngaphandle kokwenzela nje ukugcina ucwangco. Ufuna ukuthandazelwa? Bangaphi abafuna ukuthandazelwa

ngelithuba iLizwi libonakaliswa lisenyameni? Lo mgca mawuphakame uze uhle uze ngale ndlela, kanye ukuhla ngalendlela apha kuqala, kanye apha, nina bafuna ukuthandazelwa. Ngoko, emva koko, ndifuna lendlela apha ize ezantsi emva kwabo. Ngoko emva kokuba begqithile, makuze lendlela ingapha kwelicala.

¹⁷¹ “Liyakhawuleza, linamandla ngaphezu, . . .” Ingaba ikrele elintlangothi-mbini linokwenza oko? Hayi, mhlekazi! Kodwa iLizwi likaThixo lingakwenza. Ngoba? LiliLizwi likaThixo. Ngoku, niyalikholelwa?

¹⁷² *INyanga Enkulu!* Uphi la dade usuka ezantsi e—eTennessee, uDade Ungren, okanye Downing? “INyanga enkulu ngoku ikufuphi.”

¹⁷³ Andisokuze ndiyilibale lonto, eFort Wayne ngoba busuku xa la ntombi incinci yom Amish okanye umDunkard wayehleli apho, edlala yona, “INyanga enkulu ngoku ilapha,” isiva ukuba laa nkwenkwe incinci yayiphilisiwe, yaxhuma, uMoya oyiNgcwele wayiwela, iinwele zayo ezintle zawela phantsi emagxeni ayo, kwaye ipiyano zange iphose inkokeli-ntlabelo. “INyanga enkulu ngoku ikufuphi, uYesu onovelwano.” Amandla angaphezu kwendalo eshukumisa loo maqhosha epiyano, edlala “INyanga enkulu ngoku ikufuphi.”

¹⁷⁴ Jonga, ni. . .Niyakholwa? Kufanele ube njalo? Yabona? Ngoku khumbula, xa ugqitha. . .Ngoku, ukuba akuyikholelwa, sukuza, hlala phantsi. Yithi, “Andizukuya. Andizukukhubeka kulento. Ndiyeza, ndiyikholelwa.” Xa ndi. . .

¹⁷⁵ IBhayibhile ithe, “Le miqondiso iyakulandelana nabo bakholwayo. UKuba babeka izandla kwabagulayo, bayakuphiliswa.” Ichanekile kanye lonto. Ngoku, lonto iphantsi komqathango, “ukuba uyalikholelwa Lona.” Ngoku, ndiyayikholelwa lena. UThixo uyayingqinela kuwe, ndiyayikholelwa Yona. Uyabona? Uyalibonakalisa iLizwi Lakhe, ukubonakalisa ukuba liLizwi Lakhe. Ukuzaliseka kweSibhalo, ukubonisa ukuba sisiso. Ngoku, kholelwa xa ugqitha apha. Uyakuyenza lonto? Kwaye ngoko xa ndibeka izandla phezu kwakho, . . .yilonto kanye iBhayibhile iyitshiloyo.

¹⁷⁶ Ninayo i-oli yokuthambisa apha, Mzalwana uNeville? Yiza nayo, kwaye yiza kwelinye icala eli, masizalise nje iSibhalo. Yiza kwelicala apha, kwaye uthambise wonke umntu njengoko begqitha, kwaye siyakubathandazela. Ngoku, ukuze ndiqiniseke, ukuba ndiyakufumana umthandazo wokholo kuye wonke kuni, wonke umntu makabeke izandla komnye abangamakholwa. Yolula nje, niphambanise izandla zenu komnye. Kulapho siyakufumana into ethile kwimizuzu embalwa.

¹⁷⁷ Ndiyakubona ukuba liphambili kangakanani ibandla lam, koko sikholelwa kuko; ndibona baphambili kangakanani abantu; bakulungele kangakanani ukuthabatha iKrele baze

bahambe kumgca ongaphambili, bathi, “Ndikucela umngeni, Sathane. Yabona? Ndikucela umngeni! Akunakho—akunakho ukundenza ndingakholwa nakanye.” Zenzelwe ntoni ezi zinto? Ukuze abantu bakholwe. LiLizwi. Kulapho oko kubonakalisa ukuba ndishumayela kuni iNyaniso, iLizwi. ILizwi lenziwe inyama, lenziwe inyama kuni; lenziwe iLizwi; lenziwe uBomi kuni, lenziwe uBomi kum. Yabona?

INyangi Enkulu! Kulungile, masithobiseni iintloko zethu ngoku.

¹⁷⁸ Nkosi Yesu, iNyanga enkulu ngoku ikufuphi, uyiNyanga. Ndilishumayele iLizwi Lakho, kwaye neLizwi Lakho lidandalazisile ukuba Ulapha; ukuba Usenguye izolo, namhlanje, naphakade; ukuba Akunakohluleka. Akuzange wasiphoxa, Nkosi. Kwaye ngoku, yenza bonke ngamnye kwaba abanezandla zabo komnye, zanga iintsikelelo zikaThixo zingaphumla phezu kwabo. Kwaye njengoko sisiza, bangamakholwa. Kwaye njengoko sibathambisa nge-oli, umlungiseleli kunye nam, kwaye sibagqithise kulomgca, wanga ngamnye ogqithayo apha enokholo lokulikholelwa, azi ukuba kwa uThixo waseZulwini umi ekho. Wanga ngamnye angazidlikidla. Banga ngelixesha linye, Nkosi? Benze nje... mayifunxekele ezantsi, Nkosi, ixesha libe linye. Vula amehlo abo, Nkosi, ukuze babenakho ukubona okwenzekayo, kwaye bangabi zimfama, begxadazela, kodwa babone eyona nto yoBukho buka Yesu Kristu ovukileyo. Siphe oko, Nkosi, ngeGama likaYesu. Amen.

¹⁷⁹ Ndiyaniyalela eGameni likaYesu Kristu, okokuba ningezi kulomgca nide nive ukuba ninalo olwaKholo luGqibeleleyo, 'kuba uthabatha nje ixesha labo, ixesha lomnye umntu. Ningayenzi! Kwaye ngo...oko nje ndishumayele kuni, ingaba ndakhe ndatsho nenye into kuni ngaphandle koko kwenzekayo? Ngokuchanekileyo! INkosi ikwenzile oko. Ikwenzile oko hayi ikwenzela mna, ndiyakholwa. Ikwenzela wena, ukuze ube nokukholwa ukuba oko ndikuxelela kona kuyiNyaniso. Ngoku uyayikholelwa, iyakulunga, kwaye i...uyakuphila. Xa usiza ngapha, wisa ukungakholwa kwakho kanye koku...isingxobo sokomoya ezantsi apha. Akunakusibona, kodwa silapho. Xa laa oli ikuchukumisa, wisa ukungakholwa kwakho kanye apho. Beka oko uze uhambe umke kunye noKholo oluGqibeleleyo lokuba uphilile. Ungayenza? INkosi inisikelele, ngoko.

¹⁸⁰ Kulungile, ndizakucela umntu othile onokukhokela amaculo, nje uku...Uphi la mshumayeli mkhulu, mzalwana, obe...? Ngubani igama lakhe? Capps, Mzalwana uCapps. Ingaba usemgceni? Yintoni leyo? Yiza apha, Mzalwana Capps, kwaye ume phaya uze ucule (ibandla) ngelixa sonke sithandazayo, “INyanga enkulu ngoku ikufuphi.”

¹⁸¹ Njengoko beyikhokela, wonke acule ngoku ngentliziyo zenu. Sukucula nje, yithi, “Ndizakucula, ‘Nyanga Enkulu ngoku ikufuphi, uYesu onovelwano. Thetha, ezityhafileyo iintliziyo zivuye, uYesu onovelwano.’” [UMzalwana uBranham ubonisa umculo onganazintshukumo—Mhl.] Owu, owu, owu, bethu!

¹⁸² Zonke indlathi zakho! Ezinzwaneni zakho. Loyike iLizwi. “Ewe, iNyanga enkulu ngoku ikufuphi, uYesu onovelwano!” Ubonakalisile ukuba Ulapha! Ndiyamkholelwa Yena. Amen.

¹⁸³ Kulungile. Maba . . . Mabathi abo banokholo beze ngaphambili.

¹⁸⁴ EGameni likaYesu Kristu, ndibeka izandla zam phezu kwakhe ngempiliso yakhe.

EGameni likaYesu Kristu, ndiyakugweba ukugula.

¹⁸⁵ Gama likaYesu Kristu, ndibeka izandla kumzalwana wam, ngenxa yempiliso.

¹⁸⁶ IGama likaYesu Kristu, beka izandla kudade wam ngenxa yempiliso yakhe.

¹⁸⁷ EGameni likaYesu Kristu, ndibeka izandla kumzalwana wam ngenxa yempiliso yakhe.

Kwelika Yesu iGama, ndibeka izandla kudade wam ngenxa yempiliso.

Kwelika Yesu iGama, ndibeka izandla kumzalwana wam.

EGameni likaYesu Kristu, beka izandla kudade.

EGameni likaYesu Kristu, ndibeka izandla kumzalwana wam.

EGameni likaYesu Kristu, ndibeka izandla kudade wam.

¹⁸⁸ EGameni likaYesu Kristu, beka izandla mzalwana wam ngenxa yempiliso.

EGameni likaYesu Kristu, beka izandla kudade wam.

EGameni likaYesu, philisa udade wam.

Kwelika Yesu Kristu iGama!

Kwelika Yesu iGama!

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

EGameni likaYesu, philisa umzalwana wam.

¹⁸⁹ EGameni likaYesu Kristu, philisa lona, umzalwana wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama!

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

190 Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam. Wanga angaphila.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Gama likaYesu, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Gama likaYesu, philisa udade wam.

Gama likaYesu, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa lona, udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

191 Kwelika Yesu iGama, philisa lo mntwana. Thixo, siphe oko.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa le nkwenkwe incinci.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

Gama likaYesu, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Gama likaYesu, philisa le ntwarzana incinci.

192 EiGamani likaYesu, philisa lo, udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.

Gama likaYesu, philisa udade wam.

Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.

Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.

Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.

Gama likaYesu, philisa udade wam.

Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.

Gama likaYesu, philisa udade wam.

Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.

193 Gama likaYesu, philisa lo, umzalwana wam, Nkosi.

Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.

Gama likaYesu, philisa, Nkosi, umzalwana wam.

Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.

- Gama likaYesu, Nkosi . . . ? . . . ukwenzela uzuko lukaThixo.
- 194 Ukuphiliswa komzalwana wam, kwelika Yesu iGama. Yiyeke.
- Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.
- Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.
- Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.
- Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.
- Gama likaYesu, philisa udade wam.
- Gama likaYesu, philisa udade wam.
- Gama likaYesu, philisa lo mntwana.
- Gama likaYesu, philisa lo dade.
- Gama likaYesu, philisa lo dade.
- 195 EGameni likaYesu Kristu, philisa udade.
- Gama likaYesu, philisa udade . . . ? . . .
- Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.
- EGameni likaYesu, Nkosi, philisa udade wethu.
- EGameni likaYesu, philisa umzalwana wam, menze aphilile.
- 196 EGameni likaYesu Kristu, philisa udade wam, Nkosi.
- Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.
- Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.
- Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.
- Gama likaYesu, philisa udade wam.
- Gama likaYesu, philisa lo, udade wam.
- Kwelika Yesu iGama, philisa le ntwazana incinci.
- Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.
- Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.
- Gama likaYesu, philisa udade wam.
- Gama likaYesu, philisa udade wam.
- Gama likaYesu, philisa umntwana.
- 197 Philisa umntwana, Nkosi, kwelika Yesu iGama.
- Philisa inkwenkwe encinci, kwelika Yesu iGama.
- Philisa udade wam, Nkosi, kwelika Yesu iGama.
- Philisa uDade wam uCollins, Nkosi, kwelika Yesu iGama.
- Philisa udade wam, kwelika Yesu iGama.
- Philisa umzalwana wam, kwelika Yesu Kristu iGama.
- Philisa udade wam, kwelika Yesu iGama.
- 198 Beka ukungakholwa kwakho ngoku.
- Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.
- Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.
- 199 Wisu ukungakholwa kwakho kwibhokisi ngoku. Gqitha apho. Thabatha uKholo oluGqibeleleyo.

Kwelika Yesu iGama, yithabathe. Yanga ingenziwa.

Kwelika Yesu iGama, siphe oko, Nkosi.

Kwelika Yesu iGama, siphe oko, Nkosi.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam, Nkosi.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam! . . . ? . . .

EGameni likaYesu, philisa lo.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

²⁰⁰ Usikeleleke, mzalwana. Kwelika Yesu iGama, philisa uMzalwana uCox. Nkosi. Makabongwe uThixo!

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

²⁰¹ Ngoku, khumbulani, ndibeka yonke intwana yokholo endilwaziyo lwenziwa njani, koku, ngenjongo.

Kwelika Yesu iGama, philisa le ntwazana incinci.

Kwelika Yesu iGama, philisa lo dade.

²⁰² Thixo, ndibeka izandla phezu kosana. Ukuze liphiliswe, kwelika Yesu iGama. Amen.

Kwelika Yesu iGama, philisa le ntwazana incinci.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa lo umzalwana wam.

²⁰³ Intwazana encinci? Babambe apho kuwe. EGameni likaYesu Kristu, baphilise, Nkosi, ukwenzela uzuko Lwakho.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wethu.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wethu.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Yesu, philisa umzalwana wam omncinci.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

²⁰⁴ EGameni likaYesu Kristu, ndicelela impiliso yakhe.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam, Nkosi.
 Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam omncinci.
 Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.
 EGameni likaYesu Kristu, philisa udade wam.
 Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.

205 EGameni likaYesu Kristu, philisa umzalwana wam, umntwana.

Kwelika Yesu iGama, baphilise, Nkosi.
 Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.
 Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.
 Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.
 Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.
 Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.
 Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.
 Gama likaYesu, philisa umzalwana wam.
 Philisa udade wam, kwelika Yesu iGama.
 Philisa umzalwana wam, kwelika Yesu iGama.
 Philisa udade wam, eGameni likaYesu.
 Philisa udade wam, eGameni likaYesu.
 Philisa udade wam, eGameni likaYesu Kristu.
 Philisa udade wam.

206 Philisa udade wam. Basikelele, Nkosi, ukwenzela eyabo...?...kwelika Yesu iGama.

Kwelika Yesu iGama, philisa udade wam.
 Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wethu.
 Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wethu, Nkosi.
 EGameni likaYesu Kristu, philisa udade wam, Nkosi.
 Kwelika Yesu iGama, mphe isicelo sakhe.
 Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.

207 Beka ukungakholwa kwakho. Yiza, ngokukholwa ngoku, uThixo uyakuyinikeza. Yiza, ngokuyikholelwa, kwaye uThixo uyakuyinikeza. Ndiyayikholelwa. Ndisebenzisa lonke ukholo endilaziyo. "Bayakubeka izandla kwabagulayo; bayakuphiliswa."

Kwelika Yesu iGama, philisa umzalwana wam.
 EGameni likaYesu Kristu, philisa udade wam.

208 Kunjani okuku bonakala, Mzalwana uNeville? Mzalwana uDauch, isithsaba senceba kaThixo! Lena yindoda ibifanele ifile, kwiveki okanye ezimbini ezigqithileyo.

209 EGameni likaYesu Kristu, Thixo, Ufanele umthande, Bawo, ngokuba Umenzele izinto ezinkulu. Ndibeka izandla zam phezu kwakhe, eGameni likaYesu Kristu.

210 Thixo Nkosi, phezu kwenkosikazi yakhe entle, ndibeka izandla zam kuyo, iGama likaYesu Kristu, ngempiliso yakhe. Amen.

Ngabo bonke babo?

211 Ngoku, masithobiseni intloko zethu ngoku.

INyanga enkulu ikufuphi ngoku,
UYesu onovelwano;
Uthetha intliziyo ezityhafileyo zivuye,
Owu, yivani ilizwi likaYesu.

Limnandi ilizwi kwingoma yeserafi,
Limnandi igama kwimilebe yabafayo;
Imnandi ingoma eyakhe yaculwa,
Yesu, Yesu osikelelweyo.

212 Niyayazi na into endiyenzileyo kuni? Nindibiza mna, “umalusi wenu”; kwaye niyalungisa, ngokuba ndingonjalo. Ukuba mna, umalusi wenu, ndibe ngowazisiweyo nguYesu Kristu, ukuba ndenza imisebenzi Yakhe, ngoko kholelwani eLizwini lam. Ngokwenza esi senzo sokholo, ngokubeka izandla phezu kwenu, ndizigwebile izifo nokubandezeleka obekunikhathaza. Kholelwani oko, ke niyakukufamana enikucelileyo, nokuba kuyintoni, ngokuba zonke izinto zinokwenzeka kwabo bakholwayo. Kwaye xa sukuba nithandaza, kholwani ukuba niyakwamkela oko nikucelileyo. Kwaye ndiyakholwa ngenyaniso ukuba ndiyayamkela, kwaye entliziyweni yam ndamkela yonke ngamnye kwimpiliso yenu, ndiyayamkela, ukuba yenzekile. Ndiyayikholelwa, ndiyikholelwa ngako konke okukum. Ngokunjalo, kunye nezandla zam phezu kwezi tshefu zilele apha, bendijongile ngokuzondelela, ndiyakholwa ziyakovelisa kanye ngokuchanekileyo oko abantu bakucelileyo. Ndi—ndiyayikholelwa.

213 Oko kuza kolwa Tsalo lweSithathu! Ndi—ndiyayikholelwa. Ngoku ndifuna ukunibuza umbuzo onyanisekileyo, nina bagqithe kula mgca wokuthandazelwa. Ningakholelwa ngenene, kwaye nive ngoku, ukuba kukho into ethile eyenzekileyo kuni kusukela ekubekweni izandla kuni? Phakamisa isandla sakho!...?...Nantso ke yiyo. Lena yilonto besiyilindle. Ngoku, lena asiyo... Oku nje kukuqalisa ukutyatyamba ngoku. Yabona? Iqalise nje nge...Ndikwenzile oku ngenjongo. Ndikwenzile oko ngenjongo. Ndenza okuthile, yabona, ithabatha okukusebenza kokholo kwaye ukuya kanye emva ukuya kuqalisa uze ungene ngaphakathi; yabona, uhlobo lokunyusa ukholo kumgangatho apho ungazange uyiqaphele ngaloo ndlela ngaphambili. Hayi ukholo, kodwa uKholo oluGqibeleleyo, ndilwakhele khona *apha*. Kwaye qaphela uThixo ogqibeleleyo, kunye nentliziyu egqibeleleyo, egcine isithembiso esigqibeleleyo, ngeLizwi Lakhe eliGqibeleleyo,

elibukhali kunekrele elintlangothi-mbini kunye noMcaluli wengcingane zentliziyo. Intoni? Siya kwingqibelelo ngoku, ngokuba abantu bafanele baze koku ukuze baye kuXwilo. Yilonto ilubambileyo lungezi kanye ngoku, lulindele ela Bandla ukuba lize koluya luGqibeleleyo uKholo loXwilo. Sifuna lona. Kuthetha okuninzi kokucheba kuhle kum, ithetha okukhulu kuwe, kodwa ngokuhlangeneyo siyakulwenza ngenceba kaThixo. Amen.

INyanga enkulu ikufuphi ngoku,
Onovelwano . . .

²¹⁴ Nkosi Yesu, sikelela umzalwana wam othandekayo. Wanga uMoya Wakho oyiNgcwele angamenza lo malusi aphile, kwaye umgcine esempilweni kwaye omelele, kulungiselelo Ombizele lona. Kwelika Yesu iGama. Ndiyayibanga yona, Nkosi. Ndiyamthanda. Siyayibanga yona. Siyazi ukuba ilungile. Siyayikholelwa ngoku.

Imnandi ingoma eyakhe yaculwa,
Owu Yesu, Yesu osikelelweyo.

²¹⁵ Animthandi Yena? Cingani nje: kanye apha ngoku, sekuqalisile ukwenzeka umsebenzi emzimbeni wakho, yempiliso yakho, ngokuba oko Akuthembisileyo kuyakwenzeka. Kwaye ngoku, yabona, nikubambile oko bendikutsho ngobubusuku? Ingaba nisifumene isisombululo sayo? Yabona, “Ukuba *nithi* kule ntaba,” yabona, sanukuthandabuza, sanukuthandabuza, kodwa kholwani ukuba oko nikuthethileyo. Ngoku yiqwalaseleni, ngaphantsi kwemizuzu emihlanu yexesha, zonke izandla ziphakanyisiwe, ukuba umsebenzi uqalisile kubo kanye ngoku. Owu, bethu! Nanko Enguye. Yilonto! Yintoni? UBukho beNyanga enkulu.

²¹⁶ Owu, masiphakamiseleni izandla zethu kuThixo kwaye sicule kwakhona.

INyanga enkulu ikufuphi ngoku,
UYesu onovelwano;
Uthetha intliziyo ezityhfileyo zivuye,
Owu, yivani ilizwi likaYesu.

Limnandi ilizwi kwingoma yeserafi,
Limnandi igama kwimilebe yabafayo;
Imnandi ingoma eyakhe yaculwa,
Owu Yesu, Yesu osikelelweyo.

²¹⁷ Masime nje okomzuzwana ngenzolo. Masinqule nje Yena ezintliziweni zethu. Yicinge: Thixo, Ulapha. Ulapha. Ubani? Lowo uzazisileyo Ngokwakhe njengoli Lizwi? “Ekuqaleni ebekhona uLizwi, kwaye uLizwi ebekunye noThixo, kwaye uLizwi ebenguThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama waza wahlala phakathi kwethu, okwanguye izolo, namhlanje, naphakade. ILizwi libukhali ngaphezu

kwekrele elintlangothi-mbini, kwa noMcaluli weengcingane kunye nezicamango (oko uzele kona apha, injongo yakho yokuba lapha, ungubani wena)”; lamazisa uYesu Kristu ukuba nguMesiya, kwaye namhlanje Limazisa Yena ekubeni ekwanguMesiya omnye, izolo, namhlanje, naphakade.

²¹⁸ INyanga Enkulu, Elapha, Ethe, “Le miqondiso iyakulandelana nabo bakholwayo. Ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphila. Kwaye ukuba nithi kule ntaba, ‘Funquka,’ kwaye ningathandabuzi ezintliziyweni zenu, kodwa nibe nakho ukukholwa.” Ukuba Unakho ukudala oonomatse, ongenandlela konke konke, okanye akukho nto phaya yokukholwa; lukholo lwam oluhamba kwaye luyokwenza oko, ukholo lwam entweni Andicele umngeni ukuba ndiyicele. Undicele umngeni ukuba ndiyicele. Kwaye ndimamkele umngeni Wakhe ngentobeko eLizwini Lakhe, ndiyicelile, kwaye ibonakele! UThixo eseZulwini uyazi ukuba oko kuyinyani. Akanakho na Ukuphilisa ogulayo? Ukuba Unokundiphakamisa ngokholo phezulu ngale ndlela, nkqu nabantu, nkqu nokuba abanakho ukukhwela kula mgangatho. Ukuba abanakho ukuyenza, Angasebenzisa ukholo lwam. Angandiphakamisela kula ndawo, kwaye ndikhwela ngenxa yakho. Ndikholelelwa wena. Ndithethela wena.

²¹⁹ Ndingumzalwana wakho, ndimi njengomzalwana wakho, umthetheleli, ndizama okungcono kwam ukugcina wena phambi koThixo. Kwaye ndimi apha kanye phambi kweTrone eMhlophe ngoku, kwaye ndingxengxeza oko... ndisalatha umnwe wam kwela Dini linegazi phaya, kwaye ndithetha ngeGama Lakhe okokuba yenzekile. Ifanele yenzeke, kwaye ifanele yenzeke. Niyazi yenzekile. Ndiyazi yenzekile, ke niyazi ukuba yenzekile, kwaye injalo. Injalo lonto. Amen.

...ingoma eyakhe yaculwa,
Owu Yesu, Yesu osikelelweyo.

Limnandi ilizwi kwingoma yeserafi,
Limnandi igama kwimilebe yabafayo;
Imnandi ingoma eyakhe yaculwa,
Yesu, Yesu osikelelweyo.

²²⁰ Kwaye amadimoni ayesithobela eGameni Lakho, iGama elimnandi kwimilebe yabafayo. Amadimoni...Oko—Oko kuvusa ofileyo, Oko kuphilisa ogulayo, Oko kucoca iqhenqa, Oko kukhupha amadimoni, Oko kwenza amaKristu. Akukho Gama limbi phantsi kweZulu. Ndihlala kuLo, ndibhaptizwe kuLo, ndiyalikholwa Lona, ndinqula kuLo. Owu, mandibe yinxalenye yaLo. Mandiphulukane nesiqu sam; ndize ndifumane lona, Nkosi, kuWe, Ela Gama libizwa Yesu Kristu, uMesiya othanjisiweyo, okokuba ndityhale indlela yam kwidaka lokungakholwa ukuze ndibonakalise ubuhle bukaYesu Kristu: ikwanguye izolo, namhlanje, naphakade.

221 UThixo anisikelele ngoku. Xa nibuyela emva apha kwiCawa elandelayo, nikani ubungqina ukuba niphiliswe njani, kwenzeka ntoni kule veki. Qwalasela ujonge kwenzeka ntoni. Iphelelile! “Wazi njani?”

222 Undixelele ukuba “ndiyitsho,” kwaye ndiyitshilo. Yiyo leyo. Yiyo leyo. Idlulile. Ndiyayikholwa. Ngoku, umalusi, uMzalwana uNeville.

223 Nje ithutyana. [Umzalwana uthetha ngelinye ulwimi. Omnye unika utoliko—Mhl.]

224 Malisikelelwe iGama leNkosi. Masiphakamise isandla sethu kwaye simnqale Yena umzuzu.

225 Sibulela Wena, Nkosi. Sibulela Wena, Nkosi. Enkosi, Bawo. Enkosi, Bawo.

226 Njengekholwa, ingaba uqaphele umgama ukangakanani umyalezo uthethiwe; kwaye nakwisingqi othethwe ngaso, kwaye qwalasela utoliko lujike lwaba kwa yinto enye? Yilonto. Qwalasela into ebe iyiyoy, ngokuchanekileyo ikunye noMyalezo; kwaye ingqina ukuba into yayiyi Nyani, ukuba Ebesele ekwenzile oko Akuthembisileyo kuwe ukuba Uyakukwenza. Qwalasela indlela oko okuza ngayo, kwaye uqwalasele indlela ekutolikayo oku. Qwalasela indlela ende ayithethileyo, kwaye qwalasela mangaphi amazwi awatshiloyo, yabona, nje ngokuchanekileyo.

INkosi inisikelele, de ndinibone kwakhona. Amen.



UKHOLO OLUGQIBELELYO XHO63-0825E

(Perfect Faith)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi, ngokuhlwa ngeCawa, ngo-Agasti 25, 1963, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, e-Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2014 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org